


AMADODA ABIZWE NGUTHIXO

 ...Neville. Kulusizi nje ukunigcina nimile, nime ngeendonga. Yaye bendidlula apha ndikokunye ukubizwa, malunga nesiqingatha seyure esidlulileyo, babe abantu besimnka besuka emnyango, bemnka. Ndahlangana noBilly phaya phandle, waze wathi le ndawo ibisele ilungele ukuqaliswa kwenkonzo, ukusukela ngale njikalanga. Ngoko, sibe nale nkonzo incinane nje apha. Asikhange sifake nakumaphephandaba alapha ekuhlaleni. Ngoko, siba nexesha nje elincinane lobudlelane.

² Ke ngoku kuhlala kuxakekekile, njengokuba abantu abavela ngaphandle kwale dolophu banokwazi, ukuba, apha ekhaya kuhlala kuxhunywa, kubalekwa ukusuka kwenye indawo ukuya kwenye, kuxinanwa. Ngoko, sendibuyiqhela loo nto. Sendifikelele ekubeni ingandihluphi, kangangoko ndinokuba nako. Yaye uyazi, umelwe kukuchitha ixeshana elincinane, ibe belimelwe kukuba ngaphezulu, kunye neNkosi. Ukuba awuyenzi loo nto, ngoko awufiki enkonzweni unokuhlaziyeka koMoya oyiNgcwele. Uze uthi wakungena, njengokuba bekunjalo namhlanje, apho bekungomkhulu, omkhulu umtsalane, ke, lixesha elinobunzima kum ukuze ndibe nokungena, nokuze ndizame nje kancinane ukuba ndinganyathelwa ndityhalwe, uyabona, ndize ndikhathazeke. Xa ndithe ndenza loo nto, ngoko andinakuwufumana uMoya oyiNgcwele naphi na.

³ Ngoko, ndilusizi, nakuba kunjalo, ngabantu abemi e— emigceni ephakathi kwezitulo nasekujikelezeni ngaphandle. Yaye bayenyuka beze, bakhangele ngaphakathi, bangene ezimotweni zabo baphindele emva. Bendifuna ukufumana isikolo esiphakamileyo phaya ezantsi, ukuze ndibambe nje iinkonzo zobusuku obumbalwa, kodwa isikolo siyaqhubeka ngeli xesha, yaye kunzima kum ukuba ndisifumane ngeli xesha. Kodwa ndifuna ukutsho ukuthi ndiyavuya ngenene ngenxa yomntu ngamnye kuni, kwabangaphakathi nabangaphandle, nangenxa yentsebenziswano yenu elungileyo, nangenxa yako konke enikwenzileyo.

⁴ Yaye ngale ntsasa, kwisikolo seCawe, ndibabulele abantu ngomnikelo ebendiwunikwe phezolo, wona lowo obungumnikelo ongacelwanga. Ngeliphandle, ndimxelele umlungiseleli lo, uMzalwana wethu, uMzalwana uNeville, nabanye, ukuba ndikhetha ukuba ngebengakwenzanga oko. Kodwa bakwenzile, nangoko, ngoko bendifuna nje ukwenza ingxelo ngawo. Ngoko, le ndawo incinci, yaye ayinakuhlala ngaphezu kwamalunga namakhulu amathathu abantu, andicingi njalo. Yaye umnikelo ubungamakhulu amathathu

anamashumi amabini anesine ee-dollar, oko kuthethe ukuthi xa kwahlulwa ngokulinganayo umalunga nedollar emnye. Ngowona mnikelo ungcono ndakhe ndawuphiwa ebomini bam, kubantu abangako. Esiqhelweni, uhlala xa wahlulwe ngokulinganayo umalunga namashumi amabini anesine eesenti ngomntu, amashumi amabini anesihlanu. Amashumi amabini anesixhenxe eesenti ngumnikelo omkhulu, emntwini. Kodwa lo xa wahlulwa ngokulinganayo umalunga nedollar emnye. Ndinombulelo kakhulu ngenxa yawo.

⁵ Kwaye mhlawumbi khangе ndifikelele, ngale ntsasa, ekuvakaliseni kwabanye benu. Sifumene ijelly, ibhokisi yejelly ibekwe ezitepusini, nezipho ezincinane ebezithunyelwe kuthi. Inkosikazi kunye nam inqwenela ukuvakalisa umbulelo kuni bantu. Yaye ndiqinisekile ukuba okona kungcono sikwaziyo ukuba singenza njani na, wonke uyakuba ngowoBukumkani bukaThixo.

⁶ Loo nto indenza ndizive nje kube akwaba bendinendawo enkulu apho bendinokuqhubela nje phambili ixesha elide ndilungiselele ebantwini. Kodwa nkqu ngokuhlwanje, emva kwenkonzo, ndimelwe kukuba ndihambe. Ntoleyo, ndingenakuba nakuhamba ngokuhlwanje, kodwa kusekwangoko kusasa, ndibe ndiyemnka.

⁷ Ndibuya ngokuhlwa ngoMgqibelo ozayo. Ndimnke ngentsasa yangeCawe, kwakhona, ukuya e-Colorado. Ibe kukulandelelana nje olunye emva kolunye, ndihamba.

⁸ Luze uhambo lwam olulandelayo lweenkonzo zaphesheya kolwandle luza ngoJanuwari, olo ilolwase-Australia, nase-New Zealand, nakuyo yonke loo ndawo. Ngoku, ndifuna ukuba nindithandazele. Ndiyinqwenela ngenene imithandazo yenu.

⁹ Ndibe ke ndifuna uku... Sisonke ukuba sibe nombulelo kuThixo onamandla Onke, Othe wenza izinto ezinkulu kangaka esenzela thina kule nkonzo incinane. Ndiyakholwa, ngokobungakanani bexesha, kuninzi okwenziwe kule nkonzo kunayo nayiphi na inkonzo endakhe ndayibamba ebomini bam kulo mnquba. INkosi kukhangeleke nje ngathi iyazivulela iintsikelelo.

¹⁰ Ndiye ndacinga, mhlawumbi, ngethuba lale nkonzo, ukuthi ngenxa yombono endaba nawo, wokuba ulungiselelo lwam luyakuguqulwa lube lolungcono nolungiselelo olukhulwana. Ngoku oko kuyakwenzeka kanye ngokuqinisekileyo njengokuba nanivile amanye la amalungiselelo mathathu echazwa kwangaphambili, okanye la mabini. Olu luyakuba njengawo kanye, nje lube lukhulwana. Kodwa ngobusuku bokuqala, ndibize nje abantu benyukela apha esiguqweni, ndabuyela ngqo emva kucalulo lweengcinga. Kubusuku obulandelayo, ndibathathe ndabangenisa egumbini, ndaya

ngqo ekucalulweni kweengcinga. Yaye kubusuku obubini obudlulileyo, ngoko, besibezise apha eqongeni, beza ngqo kucalulo.

¹¹ Kodwa ke ukwenza ingxelo ngezinto ezithile, umlungiseleli othile oyimfama uye wamnkela ukubona kwakhe apha eqongeni.

¹² Namantombazana amabini amancinane, phezolo, abehleli kwiinqwelo ezinamavili, benezifo ekungekho mntu waziyo ukuba yintoni na, kungekho gqirha. Iinyawo zawo zinkulu kakhulu, iinzwane zawo zivuthuluka, iminwe isiwa, kungekho nto anokwenzelwa yona. Kwaze kwathi nje ngethuba uMoya oyiNgcwele ethambisa, ndaya ngaphaya, ndaze eGameni leNkosi uYesu, ndaqalekisa eso sifo, nako ke ukuphuma kwezo nqwelo zinamavili ehamba. Yaye ngale ntsasa, ahamba ejikeleza apha emnqubeni, njengabo nabaphi na abantwana, aze eza abhaptizwa ngobhaptizo loBukristu, kanye apha equleni, ngale ntsasa.

¹³ Ngeli thuba ndiye ndafumana imizuzu embalwa yokufundisa, kwithutyana elidluleyo, yaye bekukho nabanye babahlobo, uMzalwana uHoover, umlungiseleli ovela ezantsi eKentucky, esandula kudlula waze washiya ilizwi kwinkosikazi yam, lokuba phezolo emgceni ebekubizwa kuwo, phaya phakathi kwesihlewele, abafazi ebebengenawo amakhadi omthandazo okanye nantoni na, behleli nje phaya bethandaza. Kwaze ke kwakho umfazi omnye obengakhange adle ithuba, ndiyalibala ukuba lingakanani na, izidlo; enamaqhuma akhula esiswini, ezalise yonke indawo. Yaze iNkosi yambiza yamphilisa. Ukuze ngale ntsasa abe uvukile wadla isidlo sakusasa esingangesiqhelekileyo, yaye ulapha ngokuhlwanje.

¹⁴ Nabanye, abebalisa ngabo, yaye, owu, ixesha alinakuvuma, ngezinto ethe iNkosi yethu yazenza. Ngoko, kuthi, loo nto isinika inkuthalo ukwazi ukuba oko kusondele nje, kukho into ezakwenzeka, enkulu.

¹⁵ Ngorhatya phezolo, emva kwenkonzo, emva koMyalezo, andizange nangaliphi na ixesha ndibone uMoya oyiNgcwele ethambisa abantu kungaphezulu kunokubaENZILE phezolo. Sikhangele ke ngothakazelelo kwenye, ngokuhlwanje. Ke ngoku nindithandazele.

¹⁶ Yaye ndifuna ukufunda elinye leLizwi elisikelelekileyo likaThixo. Yaye ngaphambi kokuba sifunde iLizwi, masithethe naYe nje, iintloko zethu zithotywe okomzuzwana.

¹⁷ Bawo Othandekayo waseZulwini, siza kuWe ngokuhlwanje, mhlawumbi sibudinwa kancinane nje emzimbeni, kodwa, owu, indlela ohlaziyeke ngayo umoya wethu! Imiqondiso yoThixo Ophilileyo, yokuba Unathi, esisikelela, esipha oko Wakuthembisayo, okuphuphumayo,

okuzalisekileyo, ngaphezu kwako konke ebesinokukwenza okanye sikucinge. Yaye ukuba sifumana ubabalo ebusweni baKho, ngokukholwa kuNyana waKho, iNkosi uYesu, singakucela ngokuhlwanje ukuba Usityelele kwakhona ngokuphindwe kabini koMoya waKho. Wanga Ungagalelwa ngamandla amakhulu nangemilinganiselo phezu kwakhe wonke umntu olapha, ukuze akholwe iVangeli amneke naMandla oMoya oyiNgcwele kubomi babo. Sindisa abo basindisekayo ngokuhlwanje, Nkosi, uphilise abo bakulungeleyo ukuphiliswa. Siphe oko, Nkosi.

¹⁸ Ukuze njengokuba sibona abantu bexinana ukungena, bemi eminyango, amakhulu ejikile emnka kule nkonzo incinane, oko kusikhumbuza ukuba uYesu Kristu isekwanguye izolo, namhlanje, nangonaphakade. Ngokuba, kwimihla Awayesityelele ngayo apha ekwimo yenyama, ukuxinanisana kwakungako ukuba kukhulu, bengakwazi nokufika kuYe kunye nomntu, baze babe nokumngenisa ngophahla lwesakhiwo. Yaye siyathandaza, Thixo, ukuba ngokuhlwanje, wonke umntu ekuye kwanyanzeleka ukuba axinanise ukungena ngolu hlobo abe uyakuvuzwa njengokuba loo mntu wenziwa njalo.

¹⁹ Sikelela iLizwi laKho njengokuba siLifunda. Kwaye langa LingasiSibane, ukuKhanya emendweni wethu. Kuba sikucela eGameni likaYesu. Amen.

²⁰ [Kukho umntu othetha noMzalwana uBranham—Mhl.] Hayi. UnguRosella Griffith? [“Ewe.”]

²¹ Bekusandula ukuxelwa kum ngoku nje ukuba laa ntombazana bendiyibize ngale ntsasa . . .Inxila ebeliye labizwa enkonzweni eChicago. Ukuba ibihleli elungqamekweni xa uMoya oyiNgcwele ethe wathetha nayo waze wachaza ukuba ilinxila eloyisakeleyo. Yaye oogqirha abakhulu abahlanu baseChicago bebeyincamile. I-Alcohol Synonymous yezotywala imncamile. Yaze yabizwa, ngu-ITSHO INKOSI. Yaphiliswa. Ayikhange inxanelwe ukusela ukusuka ngeloo xesha ukubheka phambili.

²² Nelinye inenekazi elincinane ebeliphaya phezulu elungqamekweni entla kwayo, ebelingumhlobo wayo, ebebehlala kunye kwiSixeko i-Calumet. Ukuba kukho umntu owaziyo ukuba yindawoni na leyo, kuphaya emideni apho kukubi ngaphezu kwaseParis, eFrance, kuqhubeka zonke iintlobo zokungcola. Laze laxelelwa ukuba lingo-“thengisa iziyobisi,” nokuthi lingumdanisi kaFred Astaire. Wabe uyise walo ekuphika oko. Kodwa lona lema ngenyawo lathi, “Tata, laa ndoda ithetha inyaniso ngokuchanekileyo.” Ngoku itshatile, laa ntombazana, yaye isendleleni, iphandle kunye nomyeni wayo, bashumayela iVangeli.

23 URosella ungumsebenzi wokusekwa kwamabandla, ukusuka kuyo yonke inkonzo yezentolongo nakuyo yonke into anokungena kuyo, yaxelela abangamanxila oyisakeleyo ukuba likho ithemba, laye lona likuKristu.

24 Ubehleli enomthwalo kakhulu ngotata wakhe; kungekudalanga ke izolo elinye, kwelemizuzu elishumi, kudliwano-ndlebe lwabucala. Laa ntombazana ibingozixhasa ngokupheleleyo ezi nkonzo, isithuba seminyaka emine okanye emihlanu. Yaze yandixelela, kwingxelo encinane yemizuzu elishumi, phaya ngaphandle kwinqwelo etsalwayo, okanye kudliwano-ndlebe, yathi, “Mzalwana Branham, nantoni na oyenzayo, ndinomthwalo owoyikekayo ngenxa katata. Uyakuthanda, kodwa akafuni nje ukuza kuKristu.”

25 Ndathi, “Rosella, uThixo uyazi ukuba angayenza njani na loo nto. Uyazi ukuba angamenza njani na ukuba akwenze oko.”

26 Kufika indaba ke ngoku zokuba ungewatywe phantsi komthwalo wonke wamatye ekalika. Masimthandazeleni.

27 Nkosi, kulaa mlomo walaa ntombi ithembekileyo, abe yena evaleleke apho ezantsi, kwaye angafela phantsi kwaloo nto; Thixo, siphe ukuze angabi nako, kodwa umphefumlo uyakukhangela ukhumbule ukuba Wena unguThixo Onako ukuphendula umthandazo ngaphantsi kwemfumba yamatye ekalika; ngendlela enye kunokuba Waba nako esiswini somnenga, okanye kwiziko elivutha umlilo, okanye emhadini weengonyama. Uhlala useyiloo nto. Mkhuphe, Nkosi, enguMkristu ohlanjiweyo. Siyazi ukuba zonke izinto zisebenziselana okulungileyo kwabo baKuthandayo. Yaye siyathandaza ukuba le ibeyenye yezo zinto, njengokuba siyinikela kuWe, eGameni likaYesu. Amen.

28 Ekufundweni kweLizwi ngokuhlwanje, kwiNcwadi yeSibini yooKumkani, ndinqwenela ukufunda isahluko se-2, ukwenzela isihloko esincinane, ukuze sifumane umxholo, uThixo ethandile.

Kwathi, ekuzeni kumnyuseni kukaYehova u-Elia ngomoya ovuthuzayo ukuba aye emazulwini, wabe u-Elia ehamba no-Elisha besuka eGilgali.

Wathi u-Elia ku-Elisha, Khawuhlale apha, ngokuba uYehova undithume eBhetheli. Wathi u-Elisha, Ehleli nje uYehova, uhleli nje umphefumlo wakho, andiyi kwahlukana nawe. Behla ke baya eBhetheli.

Baphuma oonyana babaprofeti... ababeseBhetheli baya ku-Elia, bathi kuye, Uyazi na kodwa ukuba namhlanje uyayisusa uYehova inkosi yakho entlokweni yakho? Wathi, Ndiyayazi loo nto; yithini... cwaka.

Wathi u-Eliya kuye, Elisha, khawuhlale apha; ngokuba uYehova undithume eYeriko. Wathi, Ehleli nje uYehova, uhleli nje umphefumlo, andiyi kwahlukana nawe. Bangena ke eYeriko.

Beza oonyana babaprofeti... ababeseYeriko ku-Elisha, bathi kuye, Uyazi na kodwa ukuba namhla uyayisusa uYehova inkosi yakho entlokeni yakho? Wathi, Ewe, ndiyayazi loo Nto; yithini... cwaka.

Wathi u-Eliya kuye, Khawuhlale apha, ngokuba uYehova undithume eYordan. Wathi, Ehleli nje uYehova,... uhleli nje umphefumlo wakho, Andiyi kwahlukana nawe. Bahamba ke bobabini.

²⁹ Yanga iNkosi ingongeza iintsikelelo zaYo kwiLizwi laYo. Ingongoma yam ngokuhlwanje ithi: *Amadoda Abizwe NguThixo.*

³⁰ Ke ndizakuzama nje ukuba mfutshane kangangoko ndinokuba nako, ngokuba sinomgca omkhulu wokuthandazela ozayo emizuzwini nje embalwa, kodwa, ukunikhangelisa nje kancinane kumaxesha esiphila kuwo. Siva okukhwazwa kunomathotholo, nakwindawo ezahlukeneyo, nokuvela kwiintliziyi ezinyanisekileyo, “Nkosi, siphe imvuselelo ngexesha lethu.” Nangokusuka kwiincwadi ezivela kuMakristu ehlabathini jikelele, siva eso simemezo, yaye loo nto inento eyenzayo entliziyweni yakho. Iyaphembelela. Iyinyusela phezulu. Iyavuselela, emphefumleni, ukuva abantu beNkosi bebiza imvuselelo. Yaye uThixo wenze isithembiso, “Ukuba abantu ababizwa ngeGama laM bayakuhlangana ndawonye bathandaze, ngoko Ndiyakuba ndiseZulwini.” Ngoko ke thina, ngokuhlwanje, sifuna ukucinga ngaloo nto. Yaye khumbula, ukuba, phakathi kwako konke oku kukhwazwa, uThixo akangeke athumele mvuselelo ade abe Unamadoda alungele ukuyithabatha. Asinakuba namvuselelo side sifumane amadoda, amadoda abizwe nguThixo, amadoda aqeqeshwe nguThixo, angaqeqeshwanga zikolweni zezakwalizwi nezemfundo, koko amadoda arhabaxa wokholo, athe uThixo wawezisa kwisikolo saKhe soqeqesho esirhabaxa. Amadoda angoyikiyo ukumelana nomlilo! Amadoda athe eza Phambi koThixo; nawaziyo amandla aKhe, esazi ubukho baKhe kwiindawo zonke ngamaxesha onke, esazi amandla aKhe empiliso! Amadoda aqeqeshelwe ukwazi uThixo ophilileyo! Kulungile ukuwaqeqesha ngeLizwi, kodwa, “Umbhalo uyabulala; uMoya udlisa uBomi.”

³¹ Ke phambi kokuba sibe sinale mvuselelo, uThixo umelwe kukubiza akhuphe aqeqeshe amadoda, amadoda aqeqeshwe nguThixo, ukuba athwale lo Myalezo. Yaye akakhathalele nokuba yintoni na echasayo. Akulungele ukuhamba aye kungena kwiziko lomlilo oyisiwe, okanye emhadini

weengonyama, okanye nokuba kunokuba phi na. Alungele ukuhamba, ngokuba akhe akuBukho bukaThixo, yaye ayazi ukuba Ukho. Nokuba kukuloyiso na okanye kukoyiswa, ayakuhlala emi ngendlela efanayo. Nalo uhlobo loqeqesho uThixo alwenzayo emadodeni. Kwaye kumangalisa kakhulu ukucinga ukuba uThixo angenza into enjalo, ukuba uThixo aqeqeshe amadoda aKhe ngolo hlobo, kodwa Wenza njalo. Uyazi, sineculo elidala esiliculayo:

Abanye bephumela emanzini, abanye
bephumela kwizikhukula,
Abanye bephumela kwizilingo ezinzulu, koko
bonke baphumela kwiGazi.

³² UThixo ukhokelela abantu baKhe ukuphumela kwizilingo ezikhulu, ukuze abahlambulule. Yaye ngamanye amaxesha kuthabatha iminyaka ukwenza loo nto. Ke ngokukokwam, ngokuhlwanje, ndiyakholwa ukuba nangoku uThixo uqeqesha amadoda anjalo ukuba ayokuhlangana phambili edabini, amadoda ahambayo aphumele, yaye, ixesha, ashukuma ukusuka ezinyaweni zawo. Ngamanye amaxesha kukhangeleke ngathi yonke loo nto iyakuwa, kodwa nangoko, phakathi kwaloo nto iyonke, ayamazi laa Thixo uphilileyo aphakamise ubuso bawo abhekise phambili, athi gqolo ukuhamba.

³³ Abantu abaninzi ke bethandazela imvuselelo nje, ndiyamangaliswa ukuba ngamanye amaxesha, ukuba abo bathandazayo, ukuba imithandazo yabo ayivali imithombo yeentsikelelo na. Xa, enobugwala ekoyika ukumthemba uThixo, ekoyika ukuMthabatha eLizwini laKhe, esoyika ukukholelwa ukuba Yena uyaphila namhlanje, xa iBhayibhile yaKhe isitsho ngokucacileyo, ukuthi, “Usekwanguye izolo, namhlanje, nangoNaphakade.”

³⁴ UThixo akabizi, kukambalwa kakhulu, amadoda alumkileyo, afundileyo, iingqondi. Ziyayidlala eyazo inxaxheba, yaye zingamadoda abalulekileyo. Kodwa ngokuqhelekileyo xa uThixo kukho umsebenzi afuna wenziwe, Ufumana umntu ekunzima kwa ukuba abazi oo-ABC bakhe. Phengulula iZibhalo. Khangela kuzo zonke ezembali. Amadoda akhe afika kwindawo ethile noThixo yayingengomadoda anemfundo enkulu, koko ingamadoda awathi, ke, ayengenamfundo, koko enomnqweno nje entliziyweni yawo wokukhonza uThixo. Wayefumana amadoda angabalimi, abelusi, abalobi, abazingeli, lawo ayehlala endalweni. Koko kuzola nokuphila kwendalo, apho uThixo wayenokuthetha nawo. Ngawo lawo ke Awayewabiza.

³⁵ Yaye ukuba bayifumanisile loo nto, xa Ebiza ingqondi ebalulekileyo, loo mntu ekugqibeleni ubuyela emva ekuqondeni kwakhe ngokobungqondi. Kuze emva kwethutyana, xa kufika ekusebenzeni koko moya, axube

kakhulu nabantu behlabathi, malunga nokwamnkela izinto ezinjalo. Ngoko ke, ekugqibeleni uphelela kwimvaba yehlelo, aze abheke phambili enziwe umlungiseleli. Yaye loo nto ilungile, andinanto ichasene naloo mntu uyakwenza loo nto.

³⁶ Kodwa xa uThixo elungiselela ukwenza into ethile kwimigangatho yokomoya, esiqhelweni Ufumana indoda Anokuthi abeke ithemba laKhe kuyo, aze ayithambise ayithume iphume, yaye ayoyiki ngulo msebenzi. Lolo hlobo lwamadoda esiswele lona namhlanje; hayi izifundiswa ezigudisiweyo, koko amadoda azi uThixo emandleni ovuko lwaKhe.

³⁷ Ngokomzekelo, kwakukho indoda eBhayibhileni, eyayinguMoses ngegama, eyayizuze konke ukuqeqeshwa kwayo. Wayezazi zonke ezakwalizwi. Wayesazi yonke into awayemelwe kukuyazi. Nkqu nokuba wayemelwe kukuba namfundo ithile, wayenokufundisa abaphathi bakwaSirayeli, okanye eYiphutha. Kwakungekho nenye into ayisweleyo. Yaye iBhayibhile isixelela ukuba wayefundiswe kubo bonke obo bulumko bamaYiphutha. Kuba, wayenokufundisa izifundiswa zabo. Wayenokufundisa iinzululwazi zawo, nezinto ezinjalo. Wayebekwe enkcochoyini, xa kufikwa kubungqondi. Kodwa, ukanti, kwathabatha uThixo amashumi amane eminyaka ukubetha yonke loo nto iphume kuye, phaya ngaphandle entlabathini. Waze wathi akubetha akhuphe konke ukuqonda kwakhe uThixo ngobungqondi, phaya phandle entlabathini, loo ntsimbi yayilungele ukubunjwa.

³⁸ Yiloo ndlela athi uThixo athabathe ngayo amadoda waKhe awabethe kuphume lonke uloyiko lwawo nako konke okukokobungqondi kwawo, ukuze ke uMbumbi oyiNtloko omkhulu ababeke evilini aze aqalise ukubaxonxa kwakhona. Abasebenzi, abafanelekileyo! Ngamadoda akwaThixo. Ngubani onokuqeqesha umntu ngaphezu koThixo ngokwaKhe? Khangela indlela Abaqeqesha ngayo.

³⁹ Singacinga kwakhona ngomnye, onguDavide ngegama. UThixo wayemqeqesha uDavide ngethuba wayeyinkwenkwe encinane. Umprofeti uSamuweli weza wagalela i-oli entloko kuye, wamthambisa, ngoba uThixo wayezakuqeqesha uDavide ukuba abe ngumlwi onamandla. Kwaye khangela kolo qeqesho Wamnika lona.

⁴⁰ Bendifunda, kwixesha elithile elidlulileyo, apha phezulu kweLitye likaGreen, apho ndidla ngokuya kuthandaza khona, kwindawo awathi uThixo kuDavide, “Ndikuthabathe kwingubo yegusha, ekulandeleni laa mpahla imfutshane kayihlo phaya phandle, ndakwenzela igama elikhulu njengamadoda abalulekileyo omhlaba.”

⁴¹ Ndaze ndacinga ngendlela erhabaxa Awathi wenza ngayo kuDavide. Akazange amfundise kangako kwisikolo esithile, koko

Wamfundisa kwesisesaKhe isikolo. U Davide wayengumzingeli nomalusi. Yaye kwiiNdumiso wabhala ngamadlelo aluhlaza namanzi azolileyo, ngokuba wayelapho yedwa, inguye yedwa. Wayenga ngcolisekanga ngezinto zehlabathi.

⁴² UThixo umelwe kukususa indoda imke ibe kude kwizinto zehlabathi, ukuze ayenze izole, ukuze ibe nokuphulaphula uThixo, elo lizolileyo, iLizwi elincinane. Ngoko, nje ukuba ahlangeane noThixo, uba ngongenalo yiko ngoko. Qaphela ukuba akakhathali nokuba ubani uthini na; ube seBusweni bukaThixo. Umazi uThixo kuMandla ovuko lwaKhe.

⁴³ Yaye ngoko, u Davide, siyambona. Ngenye imini, uThixo wavumela ibhere ukuba ingene ithabathe enye yezimvu zakhe. U Davide wasukela nje emva kwebhere leyo. Akuthandabuzeki ngowakuthandazayo, ngoba kumzuzwana emva koko wavuma malunga noko. Waza wathandaza wacela uThixo. Yayinguye umalusi ogade ezo zimvu. Wayengenakulahlekwa yiloo gusha. Yaye umelwe kukubusindisa ubomi baloo mvu, nangakuphi na. Waze wathabatha isilinge sakhe esincinane sokudubula, wasukela emva kwebhere wayibulala. Kwakunyanzelekile ukuba asindise imvu. Uyayibona into awayemqeqeshela yona uThixo?

⁴⁴ UThixo ufuna ukuba abalusi baKhe basindise izimvu, ngaphandle kwayo nayiphi na into ayakubizwa ngayo nayakuphumela kuyo. Asindise ezo zimvu!

⁴⁵ Ngoko wabona ukuba u Davide wayekhaliphile kule bhere, ngoko waWanyusa nje amandla esilwanyana angamakhulwana, waze Wathumela imvana...ingonyama yangena yathabatha enye yezimvu.

⁴⁶ Yaye ingonyama sisilwanyana esoyikekayo. Owu, e-Afrika, xa ndandizingela kunye nabo...Ingonyama ingabulala amadoda alishumi ngaphandle kokuba ube ungathi, "Jack Robinson." Owu, inamandla, sisilo esikhulu! Ngomgqumo nje omkhulu no, nje amadoda ayabhideka. Aze lowo ufele phantsi kwamandla engonyama angakhe ave kwenzakala. Yoyikeka kakhulu, ukuva nje loo mgqumo iwukhupha. Loo mazinyo angxanduva makhulu emzuzwaneni nje, seyiqwenge yawisa ishumi elinesibini lamadoda.

⁴⁷ Yaye ukucinga nje, ngenkwenkwe encinane! IBhayibhile ithe yayi "bomvurha." Oko kuthetha ukuthi yayingumfo nje oyintwana encinane, ephethe isilinge sokudubula esincinane. Uyazi ukuba yayiyintoni na, isuntswana elincinane lesikhumba lunocingo kwicala ngalinye. Kunye nengonyama elambileyo, sele inencasa yegazi kakade emlonyeni kuyo, yangena yaxhakamfula igusha. U Davide wakhangele kuThixo, wathi, "Andinako ukulahlekwa yileya. Ndincede, Nkosi." Waze wayingquba wayiwisa phantsi ingonyama, ngeso silinge. Yaze yathi ingonyama yakuvuka ichasane naye, lo mfo

mncinane, ibe loo nkwenkwe incinane ngobunzima mhlawumbi yayingamashumi asixhenxe okanye asibhozo. Yatsala, yakhupha kwibhanti yayo encinane, imela. Yathi yakunyuka ingonyama, eyayinokubulala amadoda alishumi ngokuthwaxula nje kambalwa, wayibamba ingonyama ngodevu wayibulala.

⁴⁸ Ukukhuthala! UThixo akawafuni amagwala. Akanakukusebenzisa ukuba uyoyika ukuthabatha iLizwi laKhe ukholwe kuYe. Ufuna amadoda akhaliphileyo, angayi kuyihoya enye into ngaphandle koko kuthethwa yiNkosi. Nalo udidi Alufunayo ukuba ahambe nalo. Nangaphandle kwayo nayiphi into ethethwa yinkonzo, into ethethwa ngumfundisi, into elimele yona ibandla; umela uThixo nobulungisa, neLizwi laKhe. Nango amadoda esi . . . UThixo ayakuwathumela ngale mihla esenzela imvuselelo yaKhe leyo ithandazelwa ngabantu baKhe.

⁴⁹ Ekuhambeni kwethuba eminyakeni, xa wenyukayo waya kuhlanguana nabazalwana bakhe edabini, kwakukho isigebenga esidala phaya phezulu, esininawe elishumi elinesihlanu lee-intshi. Yaye siqhayisa, saze sathi, “Makubekho umntu olwa nam. Ukuba ninokundibetha, ndiyakunikezela; nangokutshintshiselana, size sibe siyakunikhonza.” Nokuba ngowuphi na onikezeleyo, kakade, uyakuba ngulowo woyisiweyo.

⁵⁰ Yiloo ndlela athanda ukwenza ngayo uMtyholi. Xa ecinga ukuba ukubambile, uyakukuxela, “Awungekhe udlule kule. Awunako ukushumayela impiliso eNgcwele kwibandla lamaWisile, ibandla lamaBhaptizi.” Kulungile, nina bashumayeli bamaWisile bambanani nje noThixo ixesha libe linye, nifumanise ukuba ninganako na okanye hayi. Ehe. Aninako ukuyenza loo nto ngemfundo yenu yezakwaLizwi abayifundisayo. Nimelwe kukuba nibambane noThixo nazi ukuba Ukho.

⁵¹ Bathi, “Abantu benkonzo kaMoya.” Kwiminyaka embalwa edlulileyo, kwakukho iqela labantu elalimi ekoneni, lingenaso ne-nesakhiwo elingena kuso. Kodwa ukhe waqaphela kulilindi-xesha i-*Life*, ngenye imini, into awayithethayo ngabo? Yenye yezona zinto eziyimimangaliso emikhulu esakhe sazibona esi sigaba, ukuvela kwenkonzo yakwaMoya. Ngokuqinisekileyo. “Yaye bavelisa abaguqukayo abaninzi ngonyaka kunokuba zinokwenza zonke ezinye iinkonzo, zihlanganisiwe.” Nantso into ethethwe ngulindi-xesha i-*Life*. Kuba? Basenokuba baphixene kwizinto ezithile, kodwa, mzalwana, bakhaliphile; bema phaya, babambane baze bakubize okumnyama ngokuba “kumnyama” nokumhlophe “okumhlophe.” Yakugqabhuka imvuselelo ekugqibeleni, iyakugqabhuka phakathi kwabo. Uze ujonge ukhangele ukuba ayiyi kwenzeka na loo nto. Bayakuba ngabalungiswe bathi ngqo, ngolunye lwezi ntsuku.

⁵² Yaye, uDavide. Xa uSawule wabeka isikrweqe sakhe kuye, waze wathi, “Davide, ukuba uyakulwa nalo mfo, isigebenga . . .” Wathi, “Kuba, akukho nto uyiyo uyinkwenkwe nje, usengumntu omtsha nje, yaye yena ebehleli engumlwi ukusukela ebutsheni bakhe. Ungalwa njani ke naye?”

⁵³ Phula-phula lo Davide mncinane. Uyabona, akazange athethe ngolu hlobo, “Sawule, wena uhloniphekile, mhlekazi. Utata wandithumela kwisikolo sokubizwa kwamagama, ekholejini, kwisikolo semfundo ephakamileyo. Ndine-Ph.D. ndi—ndi—ndixhotyiselwe ukukwenza oku. Ndiyindoda elumkileyo.” Akazange ayithethe ngolo hlobo.

⁵⁴ Wathi, “Nkosi yam,” wathi, “xa ndandisalusa izimvu zikabawo phaya ngaphesheya, ibhere yangena yathabatha yanye, ndaze ndayibulala. Yaze ingonyama yathabatha enye, ndayingquba ndayiwisa phantsi. Yaze yathi ukuphakama kwayo, ndayibulala.” Waze wathi, “UThixo owandihlangulayo kwibhere nakwingonyama, unako kananjalo ukundihlangula ezandleni zalo mFilibisti ungalukileyo.” Indoda eqeqeshwe nguThixo!

⁵⁵ Nguye lowo emi uSawule nawo wonke amadoda aqeqeshiweyo nabani na owayenokuba nawo, aziyo ukuba kuliwa njani na. UDavide kwakungekho nto ayaziyo ngekrele. Kwakungekho nto ayaziyo ngekhaka. Ke, uSawule waphuma neso sikrweqe sakhe sikhulu wasibeka phezu kwakhe, uDavide omncinane wayemi ephantse wayenezigweqe. Baze bafumanisa ukuba okwasemfundweni kwevesti yakhe kwakungayilingani indoda yakwaThixo; kwasuka kwayicumzela phantsi nje. Yaye zonke izinto zemigaqo yethu nezinto ezinjalo azingekhe zilinganiswe nesixhobo sikaThixo apha ngaphesheya.

⁵⁶ Owu, indlela ebesinokuqhubela phambili ngayo siye phambili, sithethe okuninzi, ngabaninzi abahlukeneyo. Kodwa, sibuyela ngqo kumxholo wethu, ukuze singxame.

⁵⁷ U-Eliya wayesaluphala, yaye wayesazi ukuba kwakungayi thuba lide kufuneka alishiye ihlabathi. UThixo wayefumene indoda eyayiyindoda enyanisekileyo, eyayiyindoda elungileyo. Igama layo lalingu-Elisha. Ngoku, ukuba uyakuqaphela, igama lomnye kubo ngu-Eliya lize elomnye libe ngu-Elisha.

⁵⁸ Ngoku, akazange ehle aye kungena kwezo nkqubo, nokunjalo njalo, aze ehle afunyanwe esikolweni sezakwalizwi, naphezulu kwizikolo eziphakamileyo zaloo mihla. Wenza ntoni? Waphuma waya kungena entsimini waze wafumana indoda ilima ngeenkomo zedyokhwe ezilishumi elinesibini. Intoni? U-Elisha, lowo wayelima, wayeyazi ukuba angawenza njani na umgea wefolo ongqalileyo. Kwaye wayesazi ukuba ukuba ukhe wajika wakhangela ngasemva, angabhityiza aphume endleleni. Yaye uThixo wayesazi ukuba loo ndoda yayisazi ukuba ilinywa kanjani na ifolo engqalileyo, yayisazi

ukuba ayinakubeka izandla zayo epuluweni ize ijonge nokujonga oku ngasemva. Akazange alinde de afumane mfundo yakhe, abhityize ecaleni kwendlela. Waxhela nje inkabi yenkomo wenza idini, waze wathabathisa wemnka no-Eliya, nje ukuba laa ngubo ibe yawa phezu kwakhe. Wayesele elungile, ekhuthela. UThixo wayesazi ukuba Uyakumenza ukuba abe nako.

⁵⁹ Ngoku, uThixo umelwe kukumnika uhlobo oluthile loqeqesho. Ubesele enalo, awayemqeqeshele ukugcina amehlo akhe esefolweni, neshumi elinesibini leenkabi zenkomo zedyokhwe, indoda inye elima ngazo. Wamfundisa ukulindela, indlela amele ukuba nonyamezelo ngayo, aze aqeqeshe ezo nkabi zenkomo ukuba zihambe umgca othe ngqo.

⁶⁰ Kwafuneka ukuba aqeqeshe amadoda athile, emva koko; awagcine eseBhayibhileni, eseLizwini, engqalile kunye noThixo, ahlale ethe ngqo emgcani.

⁶¹ Ukuze, ngoko, noThixo kwafanela ukuba amfundise kancinane. Wathi, “Ngoku hlala apha, ngokuba ndiya e—eGiligali. INkosi indibizile.”

⁶² Kwaye umprofeti, emva kokuba wayewavile aMandla phezu kwakhe, laa ngubo ka-Eliya, wathi, “Ihleli nje iNkosi, nomphfumlo wakho uhleli nje, andisayi kukushiya.”

⁶³ Wahamba waya eGiligali, ndawo leyo e—eyindawo yokuvuma uBukristu nobhaptizo. Waze ke wathi, “Hlala nje apha ngoku. Kulunge ngokwaneleyo ukuza kutsho apha. Ulwenzile uvumo lwakho nobhaptizo. Oku kulunge ngokwaneleyo. Ndiyenyuka ndiya e-Bhetheli,” igama elithetha, “indlu kaThixo.”

⁶⁴ Ngoku loo nto ngeyayilungile kwabaninzi abantu abathanda ukubanga nje. “Owu, ndifikile ndangena ebandleni ndafumana ubudlelane. Kutheni ndingahlali nje apha?”

⁶⁵ Kodwa, phulaphula. U-Elisha akazange acinge ngolo hlobo. Wayesele ewavile aMandla kaThixo. Wayesazi ukuba kwakukho okuninzi amelwe kukufumana kwakhona. Ngoko wathi, “Ihleli nje iNkosi, nomphfumlo wakho uhleli nje, andisayi kukushiya.” Owu, indlela endiyithanda ngayo loo nto!

⁶⁶ Waze wenyuka waya eBhetheli, endlwini kaThixo, waze apho wafumana iqela labafundi. Bonke babengabashumayeli abaqeqeshwe ngokukuko, baze bahamba bajikela ngakuye bamxelela, besithi, “Mhlelazi, uyazi yintoni? Kusekupheleni kwendlela. Ubusazi ukuba u-Eliya uzakuthatyathwa emnke kuwe? Waluphele kakhulu. Akanakuphila thuba lide kakhulu. U-Eliya uzakuthatyathwa, uyakube umi apho ke wena njengomntu oyibaxayo.”

⁶⁷ Mandikuxelele into ngoku. Umntu okhe wamngcamla uThixo, akasayi kubuyela, okanye, akangekhe alucime unxano

lwakhe ngequla elenziwe ngumntu. Akanakukwenza oko. Apho, yonke imfundo yabo yezakwalizwi ababenayo apho kweso sikolo sabaprofeti, yayingenakulucima unxano lwala ndoda yakwaThixo, eyayikhe yamngcamla uThixo.

⁶⁸ Baze bahlala njalo bemzama, “Owu, umelwe kukuhlala apha. Kwaye, kuba, kwiiveki ezintandathu singabe sesikunika i-Ph.D yakho. kwaye ke uyazi ukuba ayinakuba lithuba elide ude ube unokuthabatha iminyaka emine yoqeqesho apha, size sikunike ke ilungelo lokushumayela. Uyazi, ukuba uye waziqondakalalisa ukuba ungolungileyo, singakuthumela ngaphandle kwihlelo lethu.” Loo nto ayinakumanelisa umfo wakwaThixo. “Siyakuqeqeshela ukuba ube ngumlungiseleli, ukuba uyakuhlala nje kunye nathi malunga neminyaka emine okanye emihlanu apha.”

⁶⁹ Wayengenalo ixesha lento elolo hlobo. Wayekwindlela yakhe eya emthonjeni. Wayesele edlule wenyukela ngentla kunoko. Wayesele eyivile incasa yeZulu emphefumleni wakhe.

⁷⁰ Waze wathi, “Niyazi ukuba intloko yenu iyakususwa?”

⁷¹ Kwaye phula-phula koko wakuthethayo. “Ewe, ndiyayazi loo nto. Kodwa ke yithini cwaka.” Ngamanye amazwi, “Valani umlomo. Musani ukundixelela malunga naloo nto. Musani ukundixelela into endiyenzayo. Ndiyazi ukuba ndiyaphi na nento endiyizingelayo ukuba yintoni na.” [UMzalwana uBranham uqhweba izandla kathathu—Mhl.]

⁷² Thixo, sinike amadoda anjalo, amadoda aqeqeshwe nguThixo aziyo ukuba angabi nakuphuma engena kule aphume kuleya.”

⁷³ “Ndiyazi ukuba ndiyaphi na. Yaye musani ukuthetha nam malunga noko. Zithuleleni nje. Musani ukuzama ukundityhafisa, kuba oko akuyi kunceda konke.”

⁷⁴ Owu, ukuba nje abantu abathandazelweyo bebenokuba lolu hlobo lokukhuthazeka okungako!

⁷⁵ “Owu, iintsuku zemimangaliso zidlule. Loo nto ibingeyonene. Uze ukhangele, uyakubuya ugule kwakhona.”

⁷⁶ “Zithulele nje. Musa ukundixelela kwanto malunga noko. NdBheka phambili. Imvuselelo iyeza. UThixo uthembisile ngayo.” Owu, nina boonyana bakaThixo, hambani niphume ningene kule mo iphaya ngaphesheya, ningenaloyiko. Ningenaloyiko! Nithabathe uThixo eLizwini laKhe.

⁷⁷ “Ndiyazi ukuba u—uzakuthatyathwa emnke. Kodwa loo nto asiyilento ndi... Akukho kwanto ninokundinika umdla ngayo. Zonke izidanga zenu nee-Ph.D, ne-B.A, nayo yonke lento, ayindanelisi. Zithuleleni nje.”

“Ke, uyakusuka ugqabhuke phaya phandle.”

⁷⁸ “Ke, ukuba ndithe ndagqabhuka, mandigqabhuke. Ndiyahamba.” Nanko, ehambela phambili.

“Awunakuyenza idlule.”

⁷⁹ “Ndiyazi ukuba andinakuyenza idlule, kodwa uThixo uzakundiwelisela ngaphaya,” watsho.

“Ke, u-Elisha uya eYordan.”

“Ndihamba naye.”

UThixo ufuna kubekho iYordane kubo bonke ubomi.

⁸⁰ Ngoko, u-Elisha wafika. Wathi, “Ngoku, Elisha...” U-Eliya wathi ku-Elisha, “Usengumfana nje,” mhlawumbi into ethile elolu hlobo, “kwaye eneneni awukhange ufumane kufundiswa.” Umprofeti omdala wayezama ukumlinga-linga. Wathi, “Usengumfana nje. Awufumananga kufundiswa ngokwaneleyo. Kuba, awu...Iyiyo, eneneni, awukhange ufumane iziko lemfundo elifundisa ukubiza amagama. Inye into oyaziyo kukuba kulinywa njani na. “Ngoko kungcono uhlale apha, ufumane i-Bachelor of Art yakho. Yabona?” Ngoko kungcono uhlale ukuze ufumane isidanga sakho.

⁸¹ Kodwa hayi ku-Elisha, hayi kulaa ndoda yayikhe yamchukumisa uThixo, yaweva aMandla entambiso phezu kwayo. Wathi, “Ihleli nje iNkosi, nomphefumlo wakho ungafi, andisayi kukushiya.” Wayenenjongo. Wayebone umbono. Wayesazi ukuba kuyakwenzeka ntoni na.

⁸² Bobabini behla baya eYordan. *IYordan* ithetha “ukufa.” Nabo bemi apho, ixhego kwakunye nomfana. Oko ngenene kumele uKristu kunye neBandla laKhe. Bema apho ke, ngaseYordan. Yiyo leyo, isihla iphuma kwiinduli zaseJudeya, amaza amakhulu eqquma ngolo hlobo. Wabe u-Elisha... etsho ngezonwele zingwevu zijinga zihle ngomqolo, amehlo akhe anciniweyo akudala ekhangele phesheya kweYordan. Wabe umfana ekhangele nto nganye awayeyenza. Omnye, umfana, wayelindele umbono, ukuze enze intando kaThixo. Omnye wayesiyi eKhaya. Bobabini babeseYordane. U-Elisha, kuye... Uya eKhaya.

⁸³ U-Eliya wayephile ubomi obukrakra. Laa mfazi ungumshumayeli phaya ezantsi wayemphethe gadalala, u-Izebhele no-Ahabhi. Kwaye yayingamatye nazo zonke ezo zinto kwafanela ukuba baphumele kuzo! U-Elisha wayesele edinwa. Kwaye wayesazi ukuba wayelwe umlo omhle, wabe elugqibile ugqatso. Apha nje phesheya kweYordan uphumlo lwakhe lwalulapho.

Kodwa u-Elisha wayekhangele loo Moya wawuphezu kwakhe.

⁸⁴ Ngoko, ukuba uyaqaphela, lonke ikholwa, xa ufikelele kwindawo apho uye wathi khona uzilahlele ngokupheleleyo,

uyakuva amaza abandayo weYordan ekuthwaxa ezinyaweni. Ingaba uzakuwela, okanye awuyi kwenza njalo? *IYordan* ku “kwahlulwa,” ukwahlula.

⁸⁵ Kwakumi ke phaya emva ezindulini aba bashumayeli, ngoko, bekhwaza ku-Elisha, “Kungcono ukuba ungaweli. Uyakuyibaxa uphume ecaleni.” Uyabeva, ukuthetha kwabo, nangoku, namhlanje.

⁸⁶ Kodwa, u-Elisha wathi, “Ukuba uThixo nguThixo, ibe lowa engumprofeti waKhe, ndimelwe kukuthabatha indawo yakhe. Ndiswele uMoya waKhe ukuze ndenze ngawo loo nto. Andiswele sikolo sabo. Ukuba isikolo sabo ngesayenzayo loo nto, ngekuba bathabatha indawo yakhe. Kodwa uThixo undibizele ukuba ibe ndim owenza oko, yaye ndiswele uMoya waKhe.”

⁸⁷ Ukuba izikolo zamabandla ngezithabathe loo ndawo, naMandla awawakhuphayo uYesu, ngebeba bayithabatha loo ndawo, kwiminyaka eyadlulayo; amaWisile, amaBhaptizi, amaKatolika, amaPresbhithari. Kodwa asingeke siyenze loo nto.

⁸⁸ Kuthabatha uMoya kaYesu Kristu! Kwaye uyakuyiwela iYordan, yalo lonke ihlelo lenkonzo elisemva koko, nayo yonke enye into, uze ume wedwa kunye noThixo.

⁸⁹ Ngoko, Wema kunye naye eYordan. U-Elisha ekhangele phaya, esazi, ukuba ndaweni ithile ngaphesheya phaya, uThixo uyakumhlangabeza. Waze wakhulula ingubo yakhe, waze wabheka-bheka ejonga kuloo mfana. Wayibetha iYordan. Wathi akwenza njalo, iYordan yavula. Baza bawela, kumhlaba owomileyo.

⁹⁰ 'Yabona, iYordan ayimbanga olo hlobo, eneneni, ukuba kukho iNto kuwe yokuba uvule indlela.

⁹¹ Owu, bathi bakufika kwela cala lingaphaya! Kugintyelwe kwityholo ngalinye ihashe nenqwelo. UKumkani wooKumkani wayethumele eziya kumkhapha ukuba zizise u-Eliya eKhaya. Ayekho kwiindawo zonke, ezele u-Eliya. Wayesele ediniwe yiloo nto, malunga namashumi asibhozo anento eminyaka, okuxambulisanana nabo bantu phaya ezantsi, abe e. . .ephumele kwiindlala nokucinezeleka nayo yonke enye into. Wayesele elungele ukuGoduka. Waze wabheka ejonga ku-Elisha.

⁹² U-Elisha wayefuna ukubona umbono. Owu, wayenako konke oko kufundiswa, phaya emva apho ngewayemi khona. Babengade bafike ndawo. UThixo wayezakumqeqesha ngeyaKhe indlela. Ngoko wathi akukhangela phaya ngaphesheya, wakhangelana, onke—onke loo matyholo ayegintyelwe ejikeleze apho, ezi nqwelo zoMlilo namahashe oMlilo, oko kwenza into ethile ku-Elisha. Wabona umbono. Ewe, mzalwana!

⁹³ Yaye xa uThixo wamnyusayo u-Eliya wabuya enoMoya wakhe uphindwe kabini. Kuba wayeyilungele invuselelo ngoko.

⁹⁴ Qaphela loo ndoda ngoko, eyayiyinkwenkwe nje yasekulimeni ngaphambili. UThixo walenza igama lakhe laba lelingaboliyo. Bonke abaprofeti ababemi apho jikelele bakhangela kuye, kwanyanzeleka ukuba bayekuguqa ezinyaweni zakhe ngokuba wayenaMandla kaThixo phezu kwakhe. [UMzalwana uBranham unkqonkqoza epulpitini kathathu—Mhl.]

⁹⁵ Kuza iyure apho uThixo ayakwenza ihlabathi liguqe ezinyaweni zamadoda nabafazi abathe bazifaka phakathi bawela iYordan, baze bazahlula izinto... bazahlula, kwizinto zehlabathi. Mzalwana nodade, ngokuhlwanje, nokuba wenza ntoni na, nokuba ucinga ntoni na, wela iYordan kunye noThixo. Hamba uye ngaphesheya uzahlule, ushiye ihlabathi ngasemva. Vumela uThixo akuqeqeshele umsebenzi ongowaKhe. Siphila kumhla ophambi kwale mvuselelo, kodwa uThixo uyakhangela, uzama ukufumana iintliziyo.

⁹⁶ Khangela. Wafumana indoda egama linguPawulos, owu, umFarisi wodidi olulolwakhe. Kodwa kwakunyanzelekile ukuba Amsebenze kwakhona, ngokunjalo, ngaphambi kokuba abe waba ngumfundi. Khangela oko Wakwenzayo, konke ukuphumela kuzo zonke izigaba, kumadoda. Kwafanela ukuba awathabathe ayimpompe imfundo yezakwalizwi yawo iphume kuwo. NoPawulos, wathi nje ukuba abone umbono, akazange anyuke aye eYerusalem, kuGamaliyeli, umfundisi omkhulu, oyena wayemkhulu kwaSirayeli, owayefundiswe nguye. Akazange abuyele nakuye, ukuya kungqubana naye. Kuba, akazange ehle nokuhla aye eYerusalem, ishumi elinesine leminyaka emva koko. Kodwa wehla waya eYiphutha, kwinkonzo yomthandazo. Apho uThixo wamenza ukuba abhale iiNcwadi ezininzi zeTestamente eNtsha. 'Yabona? UThixo ukhangela amadoda. Wafumana umntu Awayefuna ukuba abhale laa Testamente, ngoko Wanyula nje uPawulos. Waze Wayikhupha yonke imfundo yakhe yezakwaLizwi kuye. NoPawulos watsho ukuthi kwafaneka ukuba alibale yonke into awayekhe wayazi, ukuze afunde uKristu.

⁹⁷ UThixo namhlanje uzama ukukhupha kuphele ihlabathi kuthi, ukuze asenze siziqongqothe singabi nanto, sibe ngamadoda nabafazi abangoyikiyo abathanda uThixo, abaya kuhlala kunye noThixo, baze bawele umgca owahlulayo, iYordan, ukuze Yena abe nokusisebenzisela uzuko lwaKhe.

⁹⁸ Nantsi iyure endifuna ukuba ucinge nzulu ngayo. Kwaye ukuba azange uwele kule ndawo, ukuba awuzange uwele kulo mgca, ube usathi, "Ke, umama wayengowenkonziso ethile." Ilungile loo nto. Loo nto ayithabathi ndawo yakho. 'Yabona?

⁹⁹ UThixo ubiza amadoda nabafazi, namhlanje, ukuba aye kwizintlu eziphambili zedabi. Akababizi ukuba baye eGiligali, Engababizeli ukuba baye eYeriko, okanye eBhetheli. U... Bayakutshabalala. Koko Ubabizela ukuba bawele iYordan, ukuze Abe nokukukhuphela kwisikolo saMandla AngawaKhe, akwenze akubumbe.

¹⁰⁰ Khangela oko Akwenza apha kanye ngoku, ethoba uMoya woNyana waKhe. Wenza imiqondiso nezimanga nemimangaliso, elingazange ihlabathi liyibone kulaa mawaka mabini eminyaka adlulileyo. Ihlabathi lezenzululwazi likhe lathabatha umfanekiso waYo, iNtsika yoMlilo, iNgelosi yeNkosi. Ijinga eWashington, D.C. ngokuhlwanje, kwiholo yemizobo yezenkolo, ikukuphela koBume obungaphezu kwendalo obakhe baqondakalaliswa ngokwezenzululwazi ukuba ufotiwe. Ubonakalalisa imiqondiso yaKhe ekwaminye nemimangaliso.

¹⁰¹ Yintoni na? Kukuwela iYordan. Ube wedwa kunye noThixo. Ungqengqe kwiziko ElilelaKhe lokusulungekiswa. Ungene kwivili elikhulu loMbumbi oyiNtloko uMvumele akuxonxe. Ngokuhlwanje, ngeli thuba sisemthandazweni, ngeli thuba siza kuloo ndawo, zibeke kanye ngaphesheya phezu kwevili laKhe, uthi, “Nkosi, ndim lo. Ndixonxe undenze ngendlela efuze Wena Buqu.” Yaye uThixo uyakuyenza loo nto.

¹⁰² Ngeli thuba, sithoba iintloko zethu okomzuzu nje ukuba sifumane ilizwi lomthandazo. Kanye phambi komthandazo, ndingathanda ukubuza lo mbuzo kubantu abangaphakathi nabangaphandle. Bangaphi apha abanokuthi ngokunyanisekileyo bayathanda ukuhamba noYesu behlele eYordan, ngokuhlwanje, baze apho bawelele apho kuloo ndawo unokuthi ubone umbono ubone oko uThixo eneneni akuko? Aninakuphakamisa izandla zenu? UThixo akusikelele. Khangela nje! Ndiyaqikelela ngamakhulu amabini ezandla apha esakhiweni, aphakamileyo. Uhle uye eYordan, hayi uhlele kwiziko lemfundo. U-Elisha wadlula kanye ecaleni kulo.

Bathi, “Hlala apha.”

¹⁰³ Wathi, “Andifuni kwenza njalo. Loo nto yenziwe ngumntu.” Aha, ayingeke iluphelise unxano lwendoda enxanelwe uThixo. Akukho mava aziko lamfundo, inge— ingesosidanga sa-art, okanye okunjalo-njalo, akungeze, akungeze kuluphelise unxano, ude ube usele kulaa Mthombo woBomi.

Nina niziphakamisileyo izandla, thandazani kunye nam ngoku.

¹⁰⁴ Thixo Othandekayo, kule mizuzu imbalwa yenkonzo, amadoda nabafazi ami jikelele ezindongeni, amakhwenkwe namantombazana; nangaphandle, ayame ngeefestile; kushushu. Kodwa nangoko kukho into ethile ngaphakathi kwabo, kuba Utsale umdla wabo, kungenjalo ngebehambe bemnka. Bebengenakuma ngolo hlobo.

¹⁰⁵ Nkosi Thixo, ngokuba bayazi ukuba bangabantu nje abaphilayo. Yaye sifunde ephepheni apho omnye woosodolophu bethu abahloniphekileyo abadlulayo wayephula-phule uSekela-Mongameli ethetha, waze wathatyathwa wemnka. Omnye ekumdlalo webhola, ngobunye ubusuku, indoda ebalulekileyo, yemnka ngokukhawuleza. Kwaye imiphefumlo yabo ikwindawo ethile ngokuhlwanje. Thixo, iyakuba yindlela yethu nathi leyo ngenye imini. Mhlawumbi kungekho ngohlobo olunye, kodwa simelwe kukuhamba.

¹⁰⁶ Makathi ke amadoda aziqonde aqonde ukuba ukuba ngowebandla nje asiyiloo nto Ofuna yona. Ufuna ukuba amadoda azaliswe ngoMoya, bazalwe, bagawulwe, batshiswe ngaphakathi nguMoya oyiNgcwele, baphawulwe, amadoda athe awela umgca, amadoda abizwe nguThixo. Kwaye siyakholwa ukuba Uyakuthumela imvuselelo athe uBilly Graham nabaninzi bayithandazela. Xa unokuthi ufumane amadoda anokuphuma kwiziqu zawo, ekude nesikolo sezakwalizwi, ekude kwindlela ezikhethwe ngawo, amadoda angoyikiyo, amadoda e—esimo esinaWe, akholwayo kuWe aKuthabathe eLizwini laKho.

¹⁰⁷ Thixo, banga b-baninzi kwabo bemi bekho ngoku, abayakuthi banikezele konke abanako kwiNkosi uYesu, baze bemnke ngokupheleleyo kwihlabathi, bahambe badlule iGiligali, indawo yovumo nokuqala koBukristu. Bahambele phambili bedlule isikolo sabaprofeti esiyakuthi sibahlalise apho benemfundo yezakwalizwi. Bahambele phambili baye eYordan, ukuya kumbono otyhilekileyo ekubeni bewelile, bafumanise ukuba uThixo ophilileyo usaphila.

¹⁰⁸ Sifumanisa ukuba lo mprofeti wayekhangele jikelele ngakuye, yaye kwa ezo Ngelosi zoMlilo, neenqwelo, ezantsi eDothan, ngenye imini.

¹⁰⁹ Aselapha ngokuhlwanje, Nkosi. Biza amadoda aKho, biza abafazi abangabaKho, amakhwenkwe waKho, amantombazana angawaKho, Nkosi. Thetha uxolo ezintliziyweni zabo ubenze bawelele ngaphesheya kwezinto zehlabathi. Kuba sikucela eGameni likaYesu nangenxa yaKhe. Amen.

¹¹⁰ Ndifuna ukucula nje umzuzwana, ngokuzole ngenene ekudumiseni.

Thabatha indlela yaKho, Nkosi!
 Thabatha indlela yaKho! Nkosi!
 Bamba bonke ubuntu bam
 Obumnkayo ngenene!
 Ndibumbe undenze
 NgokweNtando yaKho,
 Njengokuba ndilindile,
 Ndinikezele ndizolile.

Sisonke ngoku, ngendlela yokudumisa.

Thabatha indlela yaKho.

Ngoku sinikezele kwelo culo, ngelo culo, kuThixo.

Thabatha indlela yaKho!

Bamba ubuntu bam

Obumnkayo ngenene!

Ndibumbe undenze

NgokweyaKho intando,

Ngeli thuba ndilindile,

Ndinikezela ndizolile.

¹¹¹ Ngokuzola ngoku, ekudumiseni ngoku. Musa ukuphunguza. Khangela nje kuThixo.

Thabatha indlela yakho, (Nyaniseka ngenene.)

Thabatha indlela yaKho!

Wena ungumbumbi;

Mna ndiludongwe.

Ndibumbe undenze

NgokweyaKho intando,

Ngeli thuba ndilindile,

Ndinikezele ndizolile.

¹¹² Ndiyakholwa ukuba kuyakulunga ngenene. Niyakuthanda ukudumisa? [Ibandla lithi, “Amen.”—Mhl.] UMyalezo udlule ngoku. Masidumise nje, okomzuzu, iintloko zethu zithotyawe, elo culo kwakhona. Nyaniseka ngalo ngokusuka entliziyweni yakho.

Thabatha eyakho . . .

Thabatha indlela yaKho!

Wena unguMbumbi;

Mna ndiludongwe,

Ndibumbe undenze

NgokweyaKho intando,

Ngeli thuba ndilindile,

Ndinikezele ndizolile.

¹¹³ Nkosi, siphe oku. Wanga wonke ubani, ukusukela kwaba bantwana bancinane ukuya kwawona maxhego namaxhegokazi kuBukho obuNgcwele, wanga uMoya oyiNgcwele khona ngoku ungasebenza kukholo lwabo ususe onke amathandabuzo, konke okokusilela kuncincane, yaye banga bangabunjwa ngokweyaKho intando. Ngeli thuba bakwivili laKho elikhulu lokubumba, sibeka imiphefumlo yethu ukuze inikezelwe, ibunjwe ngokutsha. Siphe oko, Owu Thixo, eGameni likaYesu, uNyana waKho. Amen.

¹¹⁴ Ndiyithanda nje lento. Aniyithandi nina? [Ibandla lithi, “Amen.”—Mhl.] Ngokuzola nje ukuva uMoya oyiNgcwele. Owu, emva koMyalezo orhabaxa, kuze kubekho obo bumnandi bukaMoya oyiNgcwele! Kuza ngeLizwi. Ndiza kucula ivesi yalo, okanye ndiyizame.

Yopha igazi, ewe, yopha igazi,
 Le Vangeli kaMoya oyiNgcwele, Yopha igazi,
 Igazi labafundi abafela iNyaniso,
 Le Vangeli kaMoya oyiNgcwele, yopha igazi.
 Owokuqala ukufela eli cebo likaMoya,
 YayinguYohane umBhaptizi, kodwa wafa
 ngokwendoda;
 Kwaze kwalandela iNkosi uYesu,
 baYibethelela,
 Washumayela ukuba uMoya ungasindisa
 abantu esonweni.
 Kwakukho uPetros noPawulos, noYohane
 oNgcwele,
 Banikezela ngobomi babo ukuze le Vangeli
 ibe nokukhanya;
 Baxuba igazi labo, njengelabaprofeti
 bakudala,
 Ukuze iLizwi likaThixo lixelwe
 ngokunyanisekileyo.
 Baze bamxuluba uStefano, washumayela
 ngokuchasene nesono,
 Wabacaphukisa kakhulu, Bayifaka phakathi
 intloko yakhe;
 Kodwa wafa ekuMoya, wanikezela ngoMoya,
 Waya kuhlangu nabanye, loo mkhosi unika
 ubomi.
 Imphefumlo ephantsi kwesibingelelo,
 iyakhwaza, “Kuyakude kube nini na?”
 INkosi ingabagwebi bonke abenza oku
 kuchasene nomthetho;
 Kodwa kuyakubakho abanye abaya kunikela
 ngegazi labo
 Ukwenzela le Vangeli kaMoya oyiNgcwele
 nomkhukula waYo wegazi.

Sisonke ngoku.

Yopha igazi, ewe, Yopha igazi,
 Le Vangeli kaMoya oyiNgcwele, Yopha igazi,
 Igazi labafundi abafela iNyaniso,
 Le Vangeli kaMoya oyiNgcwele, yopha igazi.

¹¹⁵ Babeyintoni? Amadoda aqeqeshwe nguThixo abizwa.
 [Yindawo engenanto le ekhasethini—Mhl.] Angathini uThixo
 ukukhe asebenzise igwala ukuze afake iLizwi laKhe kulo?
 Liyoyika. Naso isizathu sokuba babe abazinto ngaLo.
 Amadoda angoyikiyo, athe uThixo wawalusa ngoMoya
 oyiNgcwele, uThixo uphila ngaphakathi. Uyakuthi
 ngokukhawuleza nje atywine ngegazi laKhe ingekuko,
 ukwenza ubungqina bakhe ngegazi lakhe; akakhathali.

NguKristu amphilayo. “Kum ukudla ubomi nguKristu, nokufa yinzuzo.” Nantso indlela aziva ngayo malunga noko. Amen.

¹¹⁶ Ngoku lixesha lomgca wokuthandazela. Kwaye ngumgca wokuthandazela wakwangethuba, kumalunga nje namashumi amabini emva kweyesibhozo. Kodwa sifuna ukuthandazela abantu. Yaye ndifuna wena ngoku, lo...Konke ukushumayela ebesinokukwenza bekungeke—bekungeke kuthelekiswe neLizwi elinye elithethwe nguThixo ngokwaKhe.

¹¹⁷ Ngoku ukuqalisa umgca wokuthandazela, oyakuthi, sithembise ukuthandazela wonke ubani. Ntoleyo siyakuyenza, uThixo ethandile. Thina, ubusuku ngabunye, siye sanikela ngamakhadi okuthandazela. Sisithi, kulento, ukuba... Busuku ngabunye siyakubiza iqela elithile liphume phaya, ukwenzela ukucalulwa kwengcinga. Kodwa abantu, ngoko, abanye bayakuthi bemnke kwangobo busuku. Siyakuba nenkonzo enkulu, ukuze uMoya ube ungehla, baze abantu bahambe. Ukuze ke ngobusuku obulandelayo sibe siyaya sikhuphe amanye.

¹¹⁸ Kwaye ukuba andiphazami, ndingaba andijonganga kuFannie Wilson emi phaya emva? [Udade uWilson uthi, “Kunjalo.”—Mhl.] Ndikhumbula ndithabatha laa mfazi, malunga neshumi elinesixhenxe...Owu, ngaphezu koko, malunga namashumi amabini-...[“1932”] 1932, esifa, ene-TB, wabe ugqirha wesi sixeko emncamile. Kwaye wayenokopha zade iingubo nayo yonke enye into yabe ilele apho imanzi ligazi. Umyeni wakhe nentombi yakhe bezakundithabatha, ngenye intsasa. Saphuma saya phaya sabiza phezu kwakhe, iGama leNKosi uYesu. Malunga neentsuku ezintlanu emva koko, ngexa lasebusika elibandayo, ndambhaptiza eGameni leNkosi uYesu, emlanjeni. Waze weza ngendlela, engasemva kwinqwelo endala yenkomo, emanzi njengokuba enokuba njalo. Usaphila ngokuhlwanje, ngokuba nguKristu owenza loo nto. Lityeli lokuqala ndimbona kwiminyaka emininzi. Ndithe ndikhanga-khangela phezu kwesihlewele, ndambona.

¹¹⁹ UThixo usaphila. Injalo loo nto. Kwaye Wathi, “Ngokuba Ndisidla ubomi, niyakudla ubomi nani.”

¹²⁰ Ngoku ndingathanda ukuthi, ukuthi nje ndibe nokuyibeka kuni ukuba yintoni na, ngokuba, ukuba andenzi njalo, ngoko nisenokuphuma nisithi, “Ke, andiyiqondi ukuba yintoni na laa nto.”

¹²¹ Ngoku, ingxoxo yam yile, yokuba, “UYesu Kristu uhlala isekwanguye izolo, namhlanje, nangonaphakade.” Ngoku, ukuba Usekwanguye, Umelwe kukuba abe yinto enye kuyo yonke indlela yokuqhuba izinto, abe yinto enye e—emandleni, yinto enye ebungamsheni, abe yinto enye kuyo yonke into Awayeyiyo.

122 Kwaye ngethuba wayesemhlabeni apha, kwakukho amaGrike athile, ngaxesha lithile, awezayo athi, “Bahlekazi, singa singabona uYesu.”

123 Yaye ndiyakholwa ukuba lowo ngumnqweno wayo yonke indoda okanye umfazi owakhe weva ngoYesu, ufuna ukuMbona. Kwaye ukuba Akasenguyanga, ngoko asinakuMbona. Kodwa ukuba Usenguye, singaMbona, kungenjalo Wathetha into ephosakeleyo. “Kusaya kuba mzuzwana, ihlabathi lingabi saNdibona, ke nina niyakuNdibona, kuba Mna,” isimelabizo somntu, “Ndiyakuba nani, ndibe ngaphakathi kuni kude kube sekuphelisweni kwesigaba sexesha.” Ke ngoko uYesu wabeka ngedinga ukuba uyakuba kwiBandla laKhe, esenza kwa ezo zinto zinye Wazenza ngoko, side siphele isigaba sexesha. Ngoku Wathi, “Kuyakuba mzuzwana,” ihlabathi lingabi saMbona. Ke, ngoko, sasiyakuMbona njani thina? Bekuyakunyanzeleka ukuba sibone uMoya waKhe, ukuba Ungaphakathi kuni, kwaye loo Moya bekuyakufuneka wenze kwaloo nto Wayenza ngoko, kungenjalo Ubungenakuba kwanguMoya omnye.

124 “NdinguMdiliya, nina ningamasebe.” Kwaye ukuba sithwala . . . Ukuba isebe liseMdiliyeni, isebe liyakuthwala olo hlobo lwesiqhamo lueliswa ngumdiliya lowo. Ke, uMdiliya wokuqala wavela . . . Isebe lokuqala elaphumayo kuloo Mdiliya yaba lisebe lakwaMoya; imibono, amandla, impiliso, ubhaptizo loMoya oyiNgcwele, imiqondiso emikhulu, nemimangaliso. Isebe elilandelayo kuyakunyanzeleka ukuba lube luhlobo olunye lwesebe. Konke ukuhla ukuya esiphelweni, kuyakunyanzeleka ukuba libe yinto enye. Nantso into eyathethwa nguYesu.

125 Ngoku, masibone ukuba Wayeyintoni na izolo. Ukuba sinokuyifumanisa into Ebeyiyo izolo . . . Ngoku ndithetha ngokunqunqa ngenxa yexesha; ndizakunikezela ngemizuzu emihlanu ukwenzela imiyalelo. Yaye ukuba sinokubona oko Ebekuko izolo, ngoko singakubona oko Akuko namhlanje, eyakuba kuko ngonaphakade. Ingaba sihambe ngokwaneleyo ukungena kuloo nto? [Ibandla lithi, “Amen.”—Mhl.]

126 Ngoku, ngethuba Wayelapha emhlabeni, Weza njengoMesiya, wabhaptizwa nguYohane uMbhaptizi; engekenzi misebenzi ngoko. Waze Wangena kulungiselelo lwaKhe lwakuqala. Wayethunywe koobani Yena? KumaJuda.

127 Ngoku, siyaqonda ukuba zintathu kuphela iintlanga zabantu ehlabathini, zezi: amaJuda, iiNtlanga, namaSamariya; ezingabantu bakaHam, uShem, noYafete. AmaJuda, iiNtlanga, namaSamariya.

128 Uyakhumbula? UPetros wakhwaza kuzo, enezitshixo zoBukumkani, ngoMhla wePentekoste, kumaJuda. “Guqukani, nonke ngabanye, nibhaptizwe eGameni likaYesu Kristu.”

129 UFiliphu wehla washumayela kumaSamariya. Onke akholwa aguquka, aze abhaptizwa eGameni likaYesu Kristu. Ntonje, uMoya oyiNgcwele wayengekehli phezu kwawo. UPetros wayephethe izitshixo. Wehla wabeka izandla zakhe phezu kwawo, aze amnkela uMoya oyiNgcwele.

130 Kwaze ngoko uKorneli, iNtlanga, waba nombono wokuba wayeza, kuthumela abize indoda ebizwa ngokuba nguPetros, uSimon Petros, eyayihlala kwindlu yendoda eyayingumsuki. Waze wathi uPetros akunyuka eze apho, “Uthe uPetros esawathetha la Mazwi, uMoya oyiNgcwele wabawela.” Ngoko wathi uPetros, “Ukhona onako ukuwathintela amanzi? Aba bawamnkele uMoya oyiNgcwele njengokuba saWufumanayo ekuqalekeni nathi.” Sebe ngalinye livela liyinto enye nje. ‘Yabona?’

131 Ngoku xa uYesu wahlangana...Ngoku, Akazange eze kwiiNtlanga. Bangaphi abayaziyo loo nto? Wabalela abafundi baKhe ukuba baye nakuziphi na iiNtlanga. Bangaphi abayaziyo loo nto? “Nize ningahambi ngendlela yeeNtlanga, koko yiyani kanye kwizimvu ezilahlekileyo zakwaSirayeli. Ukuze njengokuba nihamba, nishumaye, nisithi, ‘UBukumkani baMazulu busondele,’ kwizimvu ezilahlekileyo zikaSirayeli.”

132 Ngoku, ngubani owayeMlindlele ukuba eze ngaloo mhla? Hayi iiNtlanga; sasingabahedeni, ama-Anglo-Saxon. SasingamaRoma, sinqula ilanga nezinto ezinjalo. Sasingalindelanga kwaMesiya, kodwa amaJuda namaSamariya ayemlindlele. Ngoku, WaZazisa njani kubantu ababelindlele Yena?

133 Masibuyele emva ngoku kuYohane oNgcwele, isahluko so-1, okomzuzwana nje ngoku. Kwaye uphulaphulisise.

134 IJuda lokuqala elathi leziswa kuYe, xa uFiliphu okanye... U-Andreya waguqukayo, waze waya kufumana umntakwabo, uSimon Petros, wezisa uSimon phambi koYesu. Waze uYesu wamxelela ukuba lalingubani na igama lakhe, nokuba wayengubani na uyise. Bangaphi abayaziyo loo nto? [Ibandla lithi, “Amen.”—Mhl.] Ucinga ukuba yenza ntoni loo nto kulaa ndoda, eyayiyakuthi kamva ibe nezitshixo zoBukumkani esandleni kuyo? Nantso into AwaZiqondakalisa ngayo ukuba unguye, uMesiya. Ngokukhawuleza ngoko...

135 UFiliphu waguquka, wehla wafumana uNataniyeli. Lo mgama ungamashumi amathathu eemayile ukujikela entabeni. Waze wenyuka waya endlwini, yaye ndiyamva esithi, “Owu, Nkosk. Nataniyeli, uphi uNataniyeli?”

“Owu, uphumile waya e—emyezweni weminquma.”

136 Wabaleka waphuma waya apho ngokukhawuleza okukhulu, “Nataniyeli, uphi?” Waza wamfumana ephantsi

komthi. UNataniyeli ke wayethandaza. Waze wamlinda ukuba agqibe ukuthandaza. Waze wathi, akathi, “Kunjani, Nataniyeli? Zinjani izityalo?” Owu, wayenomyalezo! Nantso indlela eba yiyo endoda ehlangene noYesu. Ayinaxesha lazinto zabudenge. Wathi, “Yiza, ubone Esimfumeneyo, uYesu waseNazarethe, uNyana kaYosefu!”

¹³⁷ Ke ngoku ndiyambona uNataniyeli esosula iimpahla zakhe, esuka emthandazweni. Wathi, “Ngoku, Filiphu, ndikwazi ithuba elide ukuba uyindoda elungileyo. Yaye uyindoda enyanisekileyo. Ngoku, ingaba kukho into elungileyo enokuphuma eNazarethe? Ke, uyazi, ukuba uMesiya uyakuza, Angeza eYerusalem, ngebandla.” Yiloo nto abacinga yona namhlanje. Yabona? “Angeza ngeYerusalem. UKayafa akakhange ayibhengeze loo nto kulenkonzo iphelileyo. Ngoku, akukho namnye kwizifundiswa zezakwalizwi eziyivakalisileyo. Ngoko ndikwazi ithuba elide ukuba uyindoda enyanisekileyo. Ingaba uye waphuma ecaleni waya kuwela kwindawo enzulu?”

“Owu, hayi. Yiza ubone.”

Wathi, “Ingaba kukho into elungileyo . . .”

¹³⁸ Wamnika impendulo eyeyona ingcono nayiphi na indoda eyayinokumnika, wathi, “Yiza, uzibonele.”

¹³⁹ Ngoku, kuloo ndlela ijikelayo, ndiyamva uNataniyeli esithi . . . okanye uFiliphu esithi kuNataniyeli, “Uyazi yintoni? Uyamkhumbula laa mlobi mdala phaya ezantsi lowa wayengakwazi nokusayina iphepha ngoku wawumnika lona, sasithenga kuye intlanzi?”

“Ewe. Ndiyakholwa igama lakhe nguSimon.”

“Ewe, lilo elo.”

¹⁴⁰ “Ndamsa, ngenye imini, phaya phambi kwala Mesiya, wathi nje ukuba Ambone, Wathi, ‘Igama lakho unguSimon. Igama likayihlo nguYona.’ Ndaze nda . . . Ingenakundimangalisa, kodwa wakufika phambi kwaKhe, Akanakungakuxeleli ukuba ungubani na.”

Wathi, “Ehe, ngoku, khawume umzuzu, hayi mna.”

¹⁴¹ Ngoku, ngosuku olulandelayo bafika. UYesu wayesemgceci wokuthandazela, njengesiqhelo, ethandazela abagulayo. Wathi akuba nako . . . akunyuka angene phakathi kwesihlwele. UYesu waphakamisa intloko, waze Wambona uFiliphu esiza, enyusa indoda ngomgca ophakathi kwezitulo. Waza Wajonga kuye, waza Wathi, “Nanko umSirayeli ekungekho nkohliso kuye.”

¹⁴² YiMfundiso engaqhelekanga leya? YayinguYesu, izolo. NguYesu lowo, namhlanje, ukuba isekwanguYe.

¹⁴³ Loo ndoda ke yema. Ndiyambona uNataniyeli. UFiliphu wamkrweca wathi, “Benditheni kuwe? Benditheni kuwe?”

144 Wathi, “Rabi,” oko kuthetha *mfundisi*, okanye nokuba singayibiza ngokuba yintoni na leyo namhlanje, uyazi. Eneneni, elona gama lililo lesiHebhere, lithetha u *mfundisi*. Wathi, “Rabi, undazi nini na Wena? Uyazi kanjani na Wena nantoni na ngam? Andizange ndaKubona ebomini bam. Wazi njani Wena ukuba ndingumSirayeli? Wazi njani Wena ukuba ndilungile, ndinyanisekile, ndinenyaniso? Awuzange wandibona, ebomini baKho. Undazi njani Wena mna?”

145 Wathi, “Ngaphambi kokuba uFiliphu akubize, xa ubuphantsi komthi, bendikubona,” kumashumi amathathu eemayile ngaphaya kwentaba, kusuku olungaphambi kolo. Anjani wona amehlo!

146 Ngoku wathini? Wathi, “Rabi, Wena unguNyana kaThixo. UnguKumkani kaSirayeli.” Ukuba amaJuda ayiqonda loo nto...Ngoku khawume. Ngoku yayiliJuda elinyuliweyo elo. Bangaphi abakholwayo kunyulo? Owu, baninzi abantu abangenakuze bayamnkele loo nto. 'Yabona? IBhayibhile itshilo. Kodwa laa ndoda yayinoMoya kaThixo ngaphakathi. Yaze yayivuma loo nto, yathi, “Rabi, wena unguNyana kaThixo. UnguKumkani kaSirayeli.”

147 Kodwa zazimi apho izifundiswa zezakwalizwi zalo mhla, abapriste nabafundisi abakhulu, bemMamele. Kwaye uyazi ukuba bathini na? Bathi, “Ungumvumisi. Unomoya kaBhelezabhule kuYe.” UYesu...abazange bayithethe ngokuphandle, bakhwaze. Hayi, hayi.

148 Kodwa uYesu wajika wakhangelela kubo. Wathi, “NingaNdibiza ngaloo nto niphumelele. Kodwa kuyakuza ixesha apho kuyakuthi xa uMoya oyiNgewele ezile, ukuze xa nithe nathetha igama elinye ngokuchasene naWo usenza kwale nto inye, aniyi kuyixolelwa loo nto kweli hlabathi kwanakwihlabathi elizayo.”

149 Ke ngoko yintoni le sijongene nayo? YayingamaJuda lawo. Awenyaniso ngenene anyanisekileyo amaJuda akholwa kuYe ukuba wayenguMesiya.

150 Abafundisi nezifundiswa zezakwalizwi, into ababeyiyo? Imbewu yenyoka, njengokuba singene kuyo. Wathi, “Ningaboyihlo, uMtyholi.” Ukanti, babelumnkile, bekrelekrele, ingamadoda angcwele. Babengenakuphakamisa nomcinga...Bengcwele. Babengenakuze bayaphule iSabatha. Babengadli zinyama. Babengamadoda angcwele, kodwa basilela ukubona. 'Yabona, babeqeqeshwe ngabantu.

NguThixo owaqeqeshayo amadoda wakwaKhe, ngokurhabaxa. Injalo loo nto. Amadoda abizwe nguThixo!

151 Kwaze ngenye imini Yena—Yena wayeno...Nantso into awayeyicinga amaYuda. Nantso indlela AwaZazisa

kumaJuda. Bangaphi abaziyo ukuba siSibhalo eso? [Ibandla lithi, “Amen.”—Mhl.] Kulungile. Ngoku, ukuba WaZazisa kumaYuda, yayinguYesu lowo izolo kunye namaJuda.

¹⁵² Ngoku uthe, “AmaSamariya ayeMlindele ukuba afike.” Ewe, ayemlindele, kodwa hayi iiNtlanga. IngamaSamariya nje kuphela.

¹⁵³ Kwaye wathi Akuhlangana okokuqala namaSamariya, kwafuneka ukuba Adlule kwaSamari. Waze Wema, wathuma abadisipile baKhe kude ukuya kufuna ukudla, malunga nentsimbi yeshumi elinesibini. Wahhala phantsi ngasequleni. Nako kuphuma umfazi, waqala...Ngoku, siyamazi, kulo mhlaba, ukuba ungumfazi odume kakubi, inenekazi lesitrato, uyazi, ihenyukazi. Nanko ke esiza waqalisa ukuthoba umphanda wakhe ewuhlisela equleni, ukuba akhe amanzi. Waze weva iZwi lisithi, “Mfazi, Ndiphe ndisele.” Waze wajika wakhangele nako kuhleli iJuda elikubudala obuphakathi.

¹⁵⁴ Wayenamashumi amathathu anento kuphela, kodwa iBhayibhile ithe Wayekhangeleka enamashumi amahlanu. Bathi, “UyiNdoda engengaphezu kwamashumi amahlanu eminyaka ubudala nje, uthi Wa ‘mbona u-Abraham?’”

¹⁵⁵ Wathi, “Ngaphambi kokuba abekho u-Abraham, ndikho Mna.” ’Yabona? Unokuba wayekhangeleka emdala kakhulu ngenxa yomsebenzi waKhe, umzimba wakhe wobuntu.

¹⁵⁶ Waze waphunguza. Wayesazi ukuba Lowo wayeliJuda. Wathi, “Mhlekezi, akukho sikweni ukuthi wena ungumJuda ucele kumaSamariya izinto ezinjalo. Asinako nakuphi na ukusebenziselana.”

¹⁵⁷ Wathi, “Mfazi, ukuba ubusazi ukuba nguBani na lo uthetha naye, ngewucele kuM into eselwayo. Ndaye bendiyakukunika, ndikunike amanzi ungabi uze kukha apha.” Wayesenza ntoni Yena? Ehlangana nomoya wakhe. ’Yabona? Khangela, UzakuZazisa kumaSamariya, ngoku.

¹⁵⁸ Waze wathi umfazi, “Kuba, Uthi, ‘Ninqula eYerusalem.’ Sithi, ‘kule Ntaba.’”

¹⁵⁹ Wathi, “Kuza ixesha, yaye lingoku, apho ningasayi kuthi, nakule ntaba okanye eYerusalem, nimnqule uThixo, koko kube, ngoMoya nangeNyaniso. UBawo ufuna abanjalo.”

¹⁶⁰ Wayesenza ntoni Yena ngoko? Ebambisa umoya wakhe. Waze emva komzuzwana, aKuyifumana ukuba yayiyintoni na ingxaki yakhe wa...Bangaphi abaziyo ukuba yayiyintoni na ingxaki yakhe? Wayenamadoda amahlanu, kwaye wayehlala neyesithandathu. Ngoko, Wathi, “Mfazi, hamba uye kubiza, umyeni wakho uze apha.”

Wathi, “Andinamyeni.”

¹⁶¹ Wathi, “Yinyaniso leyo. Ubuna...ubunamahlanu, nale uhlala nayo ngoku asiyoyakho.”

¹⁶² Wema wajonga kuYe. Ngoku, akazange athi, “Wena unguBhelezabhule, mhlekazi. Ungumvumisi.” Wayesazi ngaphezulu ngoThixo kunesiqingatha sabashumayeli baseJeffersonville, injalo loo nto, elihenyukazi. Wathi, “Mhlekezazi, ndiyaqonda ukuba Wena ungumprofeti.”

¹⁶³ Khangela, u”mprofeti.” Kwaye ukuba uyakuthi ulingqamanise eloo gama ulibuyise umva, uyakulifumana, uMprofeti awayethetha ngaye uMosisi owayeyakufika, ‘yabona, “iNkosi uThixo wenu uyakunivelisela uMprofeti onjengaM.”

¹⁶⁴ Wathi, “Ndiyaqonda ukuba ungumprofeti Wena.” Wayesazi ukuba Wayengayazi ngenye indlela loo nto; wayengenakuyazi. Wathi, “Ndiyaqonda ukuba ungumprofeti Wena.” Ngoku phula-phula apha, “Thina, maSamariya,” hayi amaJuda ngoku. AmaSamariya, “Siyazi, ukuba xa ethe wafika uMesiya, Uyakusixelela ezi zinto.” Yabona ukuba luhlobo luni na lomqondiso ababelindele lona? Umqondiso kaMesiya. “Xa athe wafika uMesiya, Uyakusixelela ezi zinto, kodwa ungubani Wena?”

Wathi, “NdinguYe, lo uthetha nawe.”

¹⁶⁵ Waze wawulahla umphanda wakhe wamanzi, wabaleka waya kungena esixekweni, wathi, “Yizani nibone iNdoda endixelele izinto endakha ndazenza. Ingaba asinguye uMesiya lo?”

¹⁶⁶ Ukuba lowo yayingumqondiso kaMesiya ngoko, umelwe kukuba ibe ngumqondiso kaMesiya namhlanje. Ukuba Yena u...Ngoku, khumbula, akukho nexesha elinye owakhe loo mqondiso wenziwa phambi kweeNtlanga. Wawalelwe. Kuba? IiNtlanga zazinamawaka amabini eminyaka yobunkonzo.

¹⁶⁷ Kodwa ngoku isiphelo sesigaba seNtlanga sifikile. Yaye iRussia, amaKomanisi, anesiqhushumbisi esijoliswe kuni kanye, ukusiphelisa, kananjalo. Ningahlupheki, siyeza. IBhayibhile itshilo. Siyakuba lapha negama lenu libhalwe kuso, kwaye siyakuba ngumgubo ngomzuzwana wexesha, isizwe siphela. Iyakuba lutshabalaliso ngokupheleleyo. Qaphela, nguThixo lowo wenza loo nto. Ndiyazi ukuba niyazi ukuba aziziphathi zokukhululeka, aliqela labahedeni. Kodwa akazange uThixo avelise iintlanga zabahedeni ukufaka emgaqweni uSirayeli kwimihla eyadlulayo? IBhayibhile ibanga ukuba iRussia ubukomanisi budlala ngaphakathi kanye esandleni sikaThixo, ukuze libasuse ngokugqibeleleyo abantu phezu komhlaba.

¹⁶⁸ Kodwa ngaphambi kokuba oko kube kunokwenzeka, uXwilo luyeza luthabathe iBandla liliGoduse ngaphambi kokuba oko kwenzeka. Kwaye ukuba oko kusondele kangako, lusondele kangakanani uXwilo? Lusondele ngaphezu koko. Ngoko uyabona ukuba si...kutheni ndishumayela ngale ndlela ndenza ngayo nje, ekubeni ndizama kalukhuni kangangoko

ndinokuba nako; ngeli thuba uThixo enza yonke into Anokuyenza ukungenisa ngokunyanzela loo kwabaNyuliweyo, ukutsala iMbewu yomfazi iphume, ukuze imbewu yenyoka ibe nokufumana ukugwetywa. Injalo ngokuchanekileyo loo nto. Nantso into Awathembisa ukuyenza.

¹⁶⁹ Ngoku, ukuba uYesu Wazazisa phambi kwamaJuda naphambi kwamaSamariya, ngemiqondiso leyo, aze asiyeke sidlule ngaphandle kokubonakalalisa loo miqondiso minye kuthi, Akanabulungisa; ukuba Usiyeke sedlula nje, ngokuthi, “SingamaWisile. SingamaBhaptizi. SingamaKatolika. SingamaRhabe. Hayi, mhlekazi, Usenze sedlula ngemfundo yezakwalizwi ebandayo.

¹⁷⁰ Umelwe kukuthi eze ngemiqondiso, nemimangaliso, kanye njengokuba Wenzayo ngokokuqala, ukuba isekwanguYe izolo, namhlanje, nangonaphakade. Sifikile kuloo mini. Silapha ngoku. NgeBhayibhile, ngobungqina, ngoMoya, ngenzululwazi, yonke into iqondakalalisa ukuba ilapha. Owu, ndi...ndi... Owu, ndinqwenela ukuba ndibe bendinamandla okutyhala loo nto ingene ebantwini, ukubenza bayibone.

¹⁷¹ Nina bantu balapha eJeffersonville ningabantu bakuthi. Ndikhuliselwe phakathi kwenu. Kwaye ndi—ndiyanithanda. Musani—Musani ukucinga ukuba ndingulowo uyibaxayo. Nicinga ukuba ezi zinto zichazwa ngaphambili ziyintoni? Khangelani emva kwisikhukula sika-’37, nina bantu, xa nahlekayo kanye apha enkonzweni. Ndaze ndathi, “Kuyakubakho amashumi amabini anesithathu eenyawo phezu kweSitrato iSpring,” kwiinyanga ezintandathu ngaphambi kokuba kwenzeke. Ndixelele ixesha libe linye apho nantoni na yakhe yathethwa, iyeka-ITSHO INKOSI yabe ingeyiyo ngokuchanekileyo iyiNyaniso. Ndixelele into ibenye awakhe Wayithetha. Ayizange! YiNyaniso, kwaye ihleli iyiNyaniso, kwaye Iyakuhlala iyiNyaniso.

¹⁷² Ngoku asinakuzisa...Ndiyaqikelela ukuba kukho ikhulu okanye ngaphezulu labantu abalapha abaza kuthandazelwa. Asinako ukubazisa ngexesha elinye. Siyakuzisa abo sinokuba nako ukubazisa, ngexesha, size sithi gqolo sibeza bade babe lapha bonke. Ngoku ndizakuqalisa ukungena...Ndiyakholwa. Ebengekho apha uBilly Paul? Ingaba ulapho emva? Mxeleleni aphume eze apha. Ndifuna ukubona ukuba yintoni na, ukuba angaphuma...Uwakhuphile amakhadi okuthandazelwa? [UMzalwana uBilly Paul uthi, “U-Q, wokuqala ukuya kwikhulu.”—Mhl.] O-Q, Q. Ikhadi lomthandazo elingu-Q. Khangela kwikhadi lakho lomthandazo. Lino-Q. Ukuqala kwisinye ukuya kwikhulu. Kulungile. Asinakuba nyusa beze apha bonke ngexesha elinye, kodwa sinako ukuzisa abancinane nje ngexesha, side sibenyuse bonke babelapha. Sifuna ukuba beze, ngabanye ngabanye, bade babe bathandazelwe bonke.

¹⁷³ Ngoku khangelwa. Ndifuna wonke umntu, ongaphakathi nongaphandle, ukuba acinge ngale nto. Nokuba kwale nkondo, eli bandla ndilinkela kumlungiseleli, uMzalwana Neville, ndininkela kuye, yena ndininkela kuThixo. UMzalwana uNeville lo. Ndiyanimema nonke apho emva. UMzalwana Neville ulijoni elikhaliiphileyo. Usisicaka senene sikaKristu. Umshumayeli owayekade engumWisile, ndiyakholwa, isifundiswa esivela e-Asbury, kwaye uqeqeshwe kuzo zonke ezakwalizwi, kwiziko lemfundo yezakwalizwi, enamava waloo nto bayifundisayo. Kodwa, ngenye imini, wafikela kwindawo apho wayesazi ukuba umelwe ukuba abenento ethile eyahlukileyo, waze wawela umgca. Ungumlungiseleli apha, indoda ezaliswe nguMoya, umshumayeli wenene, isifundiswa sakwalizwi. Ndiyanicela, bantu besi sixeko, noluntu lwalapha, ukuba aninabandla, nibe nifuna ukuva iVangeli yenene, yizani kuva uMzalwana Neville. Umele iNto endiyimeleyo. Ngokuqinisekileyo, ijoni lenene elikhaliiphileyo. Sisonke, apha, siyamthanda uMzalwana Neville. Ube kunye nathi apha ixesha elide, kwaye siyamthanda.

¹⁷⁴ Ngoku ukuba uYesu Kristu, ngoMoya, uyakujika apha ngokuhlwanje enze kwa ezi zinto Wazenzayo ngethuba Wayelapha phezu komhlaba, kumaYuda namaSamariya, Eyakwenza into enye kuni ziNtlanga, bangaphi kuni abayakuthi, “Ndiyakholwa kuYe ngentliziyo yam yonke ndikwamnkele oku kanye apha”? Andikhathali nokuba ungoweyiphi na inkondo. Loo nto ayina . . .

¹⁷⁵ Uthi, “Ingaba ufuna ukuba ndiyeke ukungena kwinkondo yamaWisile?” Hayi, mhlekazi. “AmaBhaptizi?” Hayi, mhlekazi.

¹⁷⁶ Ungaya naphi na apho ufuna ukuya khona, kuba uThixo unabantwana kuzo ngazinye ezo nkondo. Ngokuqinisekileyo, Unabo. Kwaye, mhlawumbi, ungomnye wabo. Kwaye ndikuthanda kanye njengokungathi ulilungu loMnquba kaBranham. Akwenzi nomncinane umahluko kum. Uyakukwazi oko ngolungiselelo lwam, kuyo yonke indawo. Ndiyakholwa ukuba uThixo uyabathanda abantwana baKhe, kungenamsebenzi nokuba loluphi na uhlobo lophawulo abalubambileyo. Koko ukuko ngaphakathi entliziyweni yakho. Kodwa sikumemela nje ebudlelaneni. Wamnkelekile ukuba uze.

¹⁷⁷ Ngoku, nabani na uyazi, kwaye nina bantu baseJeffersonville niyazi, emva kwazo zonke izinto ezininzi ezithe zathethwa zenziwa, zaxelwa kwangaphambili, zonke ngazinye kuzo zenzeka ngokugqibeleleyo kanye njengokuba . . . Bangaphi abangalapha eJeffersonville abaziyo ukuba yinyaniso leyo? Phakamisani izandla zenu, abaziyo jikelele apha ngoku. Ngoku, kuni bantu bangaphandle kwedolophu, niyabona ukuba ndithetha ukuthini na? Bangaphi abangabangaphandle kwedolophu abakhe basezinkonzweni

zam baze babona oko kusenzeka ngokuchanekileyo kanye ngendlela eKwathethwa ngayo? Phakamisani izandla zenu, kubantu baseJeffersonville. 'Yabona? IBhayibhile ithi, "Ngokuphuma emlonyeni wamangqina amabini okanye amathathu lonke izwi lingemiswa." Kwihlabathi jikelele kube njalo. Ngoko silindele ntoni? Sinayo yonke into kanye ezandleni zethu, ngeNkosi uYesu. "Usinike zonke izinto ngesisa."

¹⁷⁸ Ngoku sizakuqalisa umgeca wokuthandazela. Kwaye ukuba uYesu Kristu uyakwenza into apha ngokuhlwanje. . .

¹⁷⁹ Ngoku, bangaphi kuni abaziyo ngalaa mfanekiso weNkosi uYesu, okwakuKhanya? Nonke niyazi ngaWo, ngeliphandle. UseWashington, D.C., wathatyathwa yeyona ndoda iphambili awakhe wanayo u-Edgar Hoover kwiminyaka embalwa edlulileyo, uGeorge J. Lacy, kwiphepha-ncwadi elithatyathelwa iminwe. Sinayo i-intsayino kanye ephepheni. Owathi, eneneni. . . Wathi wayekhe wacinga ukuba lento yayikukufundwa kwengqondo, ndandifunda ingqondo zabantu. Wathi, "Kodwa, Mnu. Branham, ubuxhaka-xhaka beliso lala khamera abunakuluthabatha ufundo lwengqondo." Wathi, "UKukhanya kubethe iliso lekhamera." Kwaye sinabo bubhalwe ephepheni, buhamba kunye nomfanekiso lowo, ukuKhanya kubethe iliso lekhamera.

¹⁸⁰ Bangaphi abasaphilayo, xa kwathi Kwavela okokuqala phambi koluntu ezantsi apha emlanjeni, xa ndandibabhaptiza bengamakhulu ezantsi phaya ngalaa mini? Esakhiweni, phakamisa isandla. Zithathu zine izandla ezisaphilayo, ukusuka kwiminyaka eyadlulayo, apha ezantsi phezu komlambo xa Kwathi kwehla, waza weza uMyalezo weNkosi. Useyinto enye nje! Ingaba Kwenze kanye oko Wathi kuyakukwenza phaya? Ukuthi, ulungiselelo endiyakulushumayela, luyakuqala imvuselelo ehlabathini jikelele, kanye nje phambi koKuzi kwesibini kukaKristu. Khangela ukuba Kwenze ntoni na. 'Yabona? Kwaphuma, kuloo nto, u-Oral Roberts nabo bonke abanye aba. 'Yabona? Kwaye uye kwihlabathi jikelele, kwisizwe sonke, wonke umntu, lonke ulwimi. Imililo yemvuselelo iyavutha, iinkonzo ezinkulu zempiliso. 'Yabona?

¹⁸¹ Ngoku, yibani nilungile. Ngaphakathi, ngaphandle, nokuba uphi na, yamnkela uKristu. Ingaba uyakwenza njalo, ngokuhlwanje.

¹⁸² Ngoku, Ukusukela ngoku, ndizinikela kwiNkosi uYesu, ukuze ndibe nako ukuyekelela isiqu sam kuMoya, ukwenzela nje ukubonakalalisa kakhulu uYesu Kristu; hayi isiqu sam, koko uYesu Kristu; ukuze aba bantu, abantu bakuthi, abahlobo bam, abangaphakathi nangaphandle kwesixeko, babe nokwazi ukuba iVangeli endiyishumayeleyo iyi. . . ngokugqibeleleyo iyiNyaniso. Kwaye uKristu ulapha ukuza kuyiNgqinela ukuba iyiNyaniso, ngeLizwi laKhe noMoya waKhe.

¹⁸³ Kuza kufuneka abe mnye nje ngexesha. Ngoko siza... Sizakuqala ngenani lokuqala, u-Q wokuqala. Ngubani onaye? Ukuba—Ukuba awukwazi kuphakama ngoku, abadala bayakukufunqula. Sifuna ukukufumana nokuba uphi na. U-Q wokuqala. Mzalwana Hickerson, Billy Paul...khawuveze okanye, yima, uDoc uzakukunceda apha. U-Q wokuqala, ungaphakamisa isandla sakho, nokuba ngubani na lowo. Uqinisekile ukuba ngu-Q lowo? Okanye, kulungile, owu, uxolo. Kulungile. Yiza kanye apha. Mbonise ukuba ayenze njani na, ukuphumela phaya kumgca ophakathi kwezitulo. U-Q wokuqala. Kulungile.

¹⁸⁴ Inani lesibini, phakamisa isandla sakho nceda. Kulungile, inenekazi elihleli phaya emva *apha*. Kulungile, nkosazana, yiza. Gqitha kanye uphumele *apha*; ukuba nje ningamvumela nonke. Abafana bayakukumncedisa, amadikoni nokunjalo. U-Q wesithathu, phakamisa isandla sakho. Inani lesithathu. Ungaphakamisa isandla sakho, nokuba ngubani na onenani elingu-Q wesithathu. Ubone ukuba elaa nenekazi liyaya na, ukuba linalo na ikhadi. A—Awunalo? [Udade uthi, “Mzalwana Branham, ndilicelile ikhadi. Kodwa ndibone umhlobo wam, obeme nenkwenkwe egulayo.”—Mhl.] A—Awunakuyenza loo nto. [“Andingekhe?”] Hayi. Umelwe kukulibamba uphula-phule imiyalelo. Sizakufika kolo sana, nakanjani na. 'Yabona? Uza kanye xa kubizwa inani lakho. Lungeza olo sana lwakubizwa. 'Yabona? Kulungile.

¹⁸⁵ Inani lokuqala, elesibini. Ngubani onenani lesithathu? Phakamisa isandla sakho. Inani lesithathu. Inani lesine.

¹⁸⁶ Ngoku, iyathandeka loo nto yakho, dade, nokuba ibingubani na lowo, elaa nenekazi lifune ukwenza loo nto. 'Yabona? Kodwa, 'yabona, ukuba—ukuba inani lalo libiziwe, bayakuza nje... Ukuba babiziwe, siyabathabatha, nakanjani na. 'Yabona? Sikufuna nje ukwindawo yakho, ukuze ufumane indawo yakho, kananjalo, uyabona. 'Yabona? Kulungile.

¹⁸⁷ Inani lesithathu. Inani lesine. Inani lesihlanu. U-Q wenani lesihlanu, phakamisa isandla sakho... emva kakhulu, umfazi oselula. Inani lesithandathu. Kulungile, mfana. Inani lesixhenxe. Le ndoda ilapha kanye. Inani lesibhozo.

¹⁸⁸ Simelwe kukukwenza oku. Uyabona, awunako ukwenza; nisuka nixinane nonke, ungathi, “Wonke umntu ufuna ukuthandazelwa.”

¹⁸⁹ Mandinibonise into, ukuba nifuna ukubona ukuba kutheni kufuneka senze umgca nje. Wonke umntu olapha oyakuthanda ukunyuka athandazelwe, phakamisani izandla zenu, wonke umntu, nokuba ungubani na. Khangela phaya. Ngubani oyakuza kuqala? 'Yabona? Kumelwe ukuba kubekho othile.

¹⁹⁰ UBilly uyehla eze apha, athabathe la makhadi, awaxube wonke phambi kwenu, anike nawuphi na umntu ikhadi

lomthandazo lowo ulifunayo. Ufumana isihlanu, isithandathu, ngamanye amaxesha siqala kwenye indawo. Kwaye oko akwenzi mahluko apho si...Ukuze abo baphaya phandle kwisihlwele baphiliswe phambi kwaba baseqongeni, ngamanye amaxesha. Bangaphi abayaziyo loo nto, kokubini abasemzini na...Kulungile, ngokuqinisekileyo, oku akunanto yakwenza naloo nto.

¹⁹¹ Inani lesithandathu, ngulowa uzayo? Inani lesixhenxe. Inani lesibhozo. Ngubani onekhadi lesibhozo? Sowulifumene? Inani lethoba.

¹⁹² Isibhozo, inani lesibhozo, sifuna ukuba ulifumane ngoku. Mhlawumbi ngumntu othile ongaphandle. Ukuba bakho, umntu makaphakamise isandla sakhe, okanye into ethile, umntu othile ongaphandle, ongakwazanga kungena. Inani lesibhozo. Mzalwana Collins, ingaba kukho umntu phaya emva, ikhadi lomthandazo lenani lesibhozo, ozama ukungena? Kulungile, ikhadi lomthandazo lesibhozo. Kulungile.

¹⁹³ Ithoba. Ikhadi lomthandazo lethoba, phakamisa isandla sakho. Mhlawumbi baphumile, abakwazi ukungena. Ukuba bangenile, nibafake emgceni.

¹⁹⁴ Ishumi, phakamisa isandla sakho. Laa ndoda isesemva kakhulu phaya emva. Yiza, mhlekazi. Ndiyavuya ukukubona ubiziwe. Ubumi phaya emva, amalungu eshwabana. Ishumi.

¹⁹⁵ Inani leshumi elinanye. Phakamisa isandla sakho, nabani na onekhadi lomthandazo lenani u-Q weshumi elinanye. Kulungile, ishumi elinanye.

Ishumi elinesibini, u-Q weshumi elinesibini. Phaya... Kulungile, ishumi elinesibini.

¹⁹⁶ Ishumi elinesithathu. Ishumi elinesithathu. Phakamisa isandla sakho, nceda ukuze ndibe nokubona. Ikhadi lomthandazo leshumi elinesithathu, u-Q weshumi elinesithathu. Ishumi elinesine. Ishumi elinesine. Ishumi elinesihlanu. Mangaphi amakhadi owakhuphileyo, Billy, likhulu? Ishumi elinesithathu, ishumi elinesine, neshumi elinesihlanu, akafumaneki. Ikhadi lomthandazo leshumi elinesithathu, ishumi elinesine, neshumi elinesihlanu, ingaba nikho? Ishumi elinesihlanu, ishumi elinesithandathu, ishumi elinesixhenxe, ishumi elinesibhozo, ishumi elinethoba, amashumi amabini.

¹⁹⁷ Iba ngu-Q kuqala kuze kuye kufikelela ku-J, kuze ke kuhle njalo ngomgca. Ndiyacinga ukuba bazama ukubegqithisa, kuqala, 'yabona. Emva kokuba sibize lawo, siza kungena kwamanye njengokuba sisiza. Uthini? [Kukho umzalwana othethayo—Mhl.] Uyabona, sikhuphe amakhadi, ngale ntsasa, baze abantu ababi nakubuya, mhlawumbi. 'Yabona? Kulungile.

198 Masiqalise kuloo ndawo incinane. Kunjani... Sowuza kudibana umgeca wakho apho ngoku? Kulungile. Ngoku, ngubani oneshumi elinesihlanu, ishumi elinesithandathu, ishumi elinesixhenxe, ishumi elinesibhozo, ishumi elinethoba, namashumi amabini, koo-Q? Amashumi amabini ananye, amashumi amabini anesibini, amashumi amabini anesithathu, amashumi amabini anesine, amashumi amabini anesihlanu. Ngoku yiba ulindile, nje ukuba kugqitywe oku. Sinomgeca ozeleyo apha ngoku. Sizakuza kanye kubo ke, siye sihle kanye ngomgeca, size sitsibe singene kwaseleyo amakhadi, oo-J, apho besishiye khona, size sibuye sihle side siyokufika ekupheleni kwawo onke.

199 Ngoku yibani nentlonipho ngenene okwemizuzwana embalwa. Ngoku, ndinqwenela ukuba sibe besinendawo yokuhlala. Ndinqwanela ukuba kube bekukho indlela endinokuyenza ngayo loo nto, kodwa asinayo. Kodwa, ngoku, ndifuna ukuba nje nihloniphe. Ngoku, kuselithuba. Yimizuzu elishumi kubethe eyethoba. Inkonzo izakuphuma, kwisiqingatha esilandelayo seyure. Ngoku, kukuvalwa kwenkonzo oku, ke ngoku yibani nentlonipho ngenene. Zolani ngenene. Musani ukushukuma nijikeleze.

200 Ke bangaphi apha abangenakhadi lamthandazo, babe befuna ukuthandazelwa? Phakamisa isandla sakho. Kulungile, bakuyo yonke indawo. Ngoku, ukuba awunalo ikhadi lomthandazo, ndifuna ukuninika iSibhalo esithile.

201 Ngaxesha lithile iNkosi yethu yayidlula isiya kuvusa encinane, intombazana eyayifile, eyayingekafi, intombi kaZakeyu. Kwaza kwakho umfazi owathi entliziyweni yakhe, “Ndiyakholwa kuYe ukuba uyiNdoda engewe. Ndiyakholwa kuYe ukuba unguMesiya.” Waze wema enethombo legazi iminyaka emininzi. Kwaye wanyebelezela wadlula esihlweleni wachukumisa ingubo yaKhe. Wakhe walifunda eloo bali?

Waze uYesu wema, wathi, “Ngubani lo uNdichukumisileyo?”

202 NoPetros waMkhalimela. Wathi, “Ke, bonke bayaKuchumisa. Kutheni ke Usithi nje, ‘Ngubani na oNdichukumisileyo?’”

203 Wathi, “Ndiye ndiphelelwa ngamandla. Isidima, amandla, aphumile kuM.” ‘Yabona ukuba oko kukwenza ntoni na, umbono? ‘Ndiphelelwe ngamandla. Amandla aphumile kuM.’”

204 Waze Wabheka-bheka, ngaphaya kwisihlewele, wade wamfumana loo mfazi. Wayesoyika. Wayecinga ukuba wenze into ephosakeleyo. Kodwa Yena wamkhangela, waza Wamxelela malunga nethombo lakhe legazi, wathi, “Ukholo lwakho lukusindisile.” Bangaphi abayaziyo ukuba yiNyaniso leyo? [Ibandla lithi, “Amen.”—Mhl.]

205 Ngoku, kuni zifundiswa zeBhayibhile, ingaba iBhayibhile itsho, ukuthi, “UYesu Kristu khona ngoku ungumbingeleli oMkhulu, uMbingeleli wethu, onokuchukunyiswa zizilwelwe zethu”? Bangaphi abayaziyo loo nto? [Ibandla lithi, “Amen.”—Mhl.] Kulungile, ukuba UnguMbingeleli oMkhulu ngoku onokuchukunyiswa zizilwelwe zethu uyakuthi Enze njani, ukuba isekwanguYe izolo, namhlanje, nangoNaphakade? Kuyakunyanzeleka ukuba enze ngalaa ndlela inye Wenza ngayo ngoko. Ingaba kunjalo? [“Amen.”]

206 Kulungile, ngoku, Akanamzimba wenyama ngoku, kuba ukwisandla sokunene sikaThixo. Kodwa Unayo imizimba Asebenza ngayo, kwaye nguMoya waKhe osebenza ngathi yethu, njengokuba Wathi kuyakuba njalo. “Ndiyakuba nani, ndibe kuni; nemisebenzi eNdiyenzayo, niyakuyenza nani. Emininzi kunale niyakuyenza, emininzi, ngokuba ndisiya kuBawo.” Wayeyakuma endaweni yethu. ‘Yabona? Kodwa Eza kuthambisa ngoMoya waKhe.

207 Ngoku, nina nilapho phandle esihlweleni, zenikhangele nje ngapha. Kwaye ningakhangele nje kum njengoMzalwana uBranham. Maze nithi nje, “Nkosi Yesu, Wena unguMbingeleli oMkhulu, kwaye Ulapha kwesi sakhiwo. Ndaye ndifuna ukukuchukumisa Wena ngezilwelwe zam, ndiKuxelela, ukuba ndiyagula. Ukuze Wena ungqinelane nam, wenze nje ukuba uMzalwana uBranham ajike kanje, ngoMoya waKho, andixelele njengokuba Wena wamxelelayo laa mfazi. Ngoko kuyakuba kulungile.” Ndimema ukholo lwakho, eGameni leNkosi, ukuba lwenze loo nto. Ngoku ukuze ubone ukuba iyinyaniso na okanye hayi. Cela uThixo ngaloo nto, uze ubone ukuba iyakuphuma kanye ngolo hlobo na. Ngoku yiba nentlonipho nje ngenene.

208 Ngoku ningazizisa izigulana zenu. Okanye, ibiyile ndoda? Kulungile. Into yokuqala emgcezi, kweli cala lomgca.

209 Kukho abantu abaninzi apha. Sizama ukugcina abantu bemele kude, abantu baseJeffersonville; mabavumele nje abantu bangaphandle kwedolophu, abatyhalela ukungena phakathi. Ngokuba, olu hlobo lomgca, ukuba abantu bebesuka apha, apha kufutshane eJeffersonville, bebeyakuthi, “Kuba, uMzalwana uBranham uyabazi aba bantu. Ngokuqinisekileyo, kunjalo.” Kodwa, kakade, abazange baye e-Afrika, e-India, nase-Asia, nase-Europe, nasehlabathini jikelele, kwezinye iindawo. Kodwa andiyazi loo nto.

210 Ndiyakholwa, bonke aba bantu balapha kulo mgca apha ngoku, bakhangele kum njengokuba bengabangazaniyo nam. Ingaba ningabangazaniyo nam? Phakamisani nje izandla zenu ukuba ningabo. Kulungile. Intle loo nto. Bangaphi apho phandle esihlweleni abangabasemzini bengazani nam, okanye wena waziyo ukuba andazi nto ngakuba yintoni na

engalunganga kuwe? Nabani na nje, akunamsebenzi nokuba ngubani na. Ngokuqinisekileyo, awazi, 'yabona. Kodwa Yena uyazi. Ngoku, andithi Uyakwenza. Kodwa ukuba Wenzile, oko kuMenza ukuba abekho apha ngoku.

²¹¹ Ngoku, le ndoda ilapha, ndiyakholwa, iphakamise isandla sayo, ukuba yona nam asazani omnye nomnye. Singabangazaniyo. [UMzalwana uthi, "Kunjalo."—Mhl.] Andizange ndiyibone le ndoda ebomini bam. Ndikhe...["Andizange ndakubona."] Ayizange indibone ebomini bayo kude kube ngoku nje. Singene kwesi sakhiwo, saza sabonana ngoku ityeli lokuqala.

²¹² Ngoku, nangu umfanekiso ogqibeleleyo kaFiliphu uqhubeka, efumana uNataniyeli, uNataniyeli esiza phambi koYesu. Ngoku, hayi ukuthi yona inguNataniyeli, okanye mna ndinguYesu. Ngoku, musa ukucinga loo nto. Kodwa kuyiminyaka emva koko, ngedinga elenziwe ngoko. Nanga amadoda amabini angazange ahlangani ebomini, kanye njengokuba loo madoda mabini enjalo ngoko. Ukuba uYesu isekwanguye, angakuyekelela umoya kukholo, kwaye ndingayekelela umoya wam kukholo, kuKristu, ngesipho esiNgcwele sikaMoya oyiNgcwele, ndize ndenze kwaloo mimangaliso minye. Ingaba kunjalo? [Ibandla lithi, "Amen."—Mhl.] Kwaye oko kokwamandla angaphezu kwendalo. Uthi, "Ize ibe ngummangaliso?" Kulungile, bendiyakwazi njani ukuba bekunjalo, ukuba bendingazange ndayibona? Nazi izandla zam. Azange sahlangani ngaphambili. Thina, naku simi apha, okwetyeli lokuqala. UThixo uyayazi. Mna andiyazi.

²¹³ Ngoku, nikhumbule, hlalani nindithandazela. Ngoku ngamanye amaxesha kula—kula maxesha, uMoya uyakuthambisa, ukuze ngenxa yokuba ungako ubuninzi ngoku, kude ku...Ke, ndi—ndifuna nje ukuba ni—nihlale nizole. Nihloniphe. Khangela. Yibani semthandazweni.

²¹⁴ Ngoku, ndifuna nje wena, mhlekazi. Ndingakwazi, kodwa ulapha ngesizathu esithile endingasaziyo. Kodwa nokuba siyintoni na, yaye iNkosi uYesu uyakundixelela ukuba ufuna ntoni na kuYe, ngaphandle kokuba undixelele, loo nto iyakuMenza kanye oko wathi Wayekuko, isekwanguye izolo, namhlanje, nangonaphakade. Uyakholwa yiloo nto? [Lo mzalwana uthi, "Ngokuqinisekileyo."—Mhl.] Kulungile. Uyakholwa yiloo nto. Ke ngoku isihlwele siyakholwa naso yiloo nto. Kwaye iNkosi yathi Iyakuyenza loo nto, eBhayibhileni yaYo.

²¹⁵ Ngoku, naku apho ndifumaniseka khona kuphakathi kokuba ndithetha iNyaniso ngeBhayibhile kaThixo, kungenjalo ndingumhana-hanisi; enye okanye enye. 'Yabona? Injalo loo nto. 'Yabona apho uzibeka khona. Ndakhe ndayenza

loo nto kumaxesha amaninzi ngaphambili, amawaka amaninzi abantu, abagxeki nako konke. Kodwa ndiyazi ukuba Uyathembisa, aze Asigcine isithembiso saKhe.

²¹⁶ Ndiyabona Iqala kanye apha ngoku. Ndibona abantu bekungqongile, emaqongeni, nangaphandle, akukhange kubekho mntu usondeleyo. 'Yabona? Kukho abantu abagulayo apha. Nje ukuba Iqale, uyaWuva. NguMoya oyiNgewe. Hlonipha ngenene koku, wuhloniphe nje ngoku, njengokuba sithetha. Ewe, mhlekazi. INkosi uYesu iyasithanda sobabini, kuba singamadoda amabini Eyawafelayo. Kwaye lityeli lokuqala sihlangu. Ukuba unento oyisweleyo, uThixo unako ukubonelela loo ntswelo, kuba Wathembisa ukuba Uyakukwenza oko.

²¹⁷ Kodwa ngoku, le ndoda, ukuba inyanisekile entliziyweni yayo, iyeva ukuba kukho into ethile eqhubekayo. Ayikwazi nje ukucinga ngokuchanekileyo ukuba yintoni na leyo. Kodwa laa Ngelosi niyibona emfanekisweni, iya isondela ngokusondela kule ndoda, kwaye iyanyamalala kum. Kwaye le ndoda ikhathazwa yingxaki yentliziyu, kwaye inesifo seswekile. Kunjalo. Lowo ngu-UTSHO UMOYA. Ukuba kunjalo, phakamisa isandla sakho.

²¹⁸ Ngoku, ukuba andizange ndakubona, bendiyakwazi kanjani nantoni na ngawe? Ngandlela ithile, ngalaa ndlela Wazi ngayo ngokuya. Ingaba kunjalo? [Umzalwana uthi, "Injalo loo nto."—Mhl.] Ingaba isihlewele siyakholwa yiloo nto? [Ibandla lithi, "Amen."—Mhl.]

²¹⁹ Ngoku, kutheni—kutheni singathabathi ixesha nje, kube kancinane nje, kuze nje nibone ukuba ibingeyonto ithile iqikelelwe nje. Masithabathe enye into, sibone ukuba uMoya oyiNgewe angatyhila into eyenye na kuthi. Masithethe nje nale ndoda imi phaya, okomzuzu nje. Mhlawumbi kukho into eyenye ebomini bayo, mhlawumbi into eyenye engalunganga kuyo. Andazi.

²²⁰ Ngenene andikwazi oko ndikuthethileyo. Kufuneka ndikubone kwisishicileli apha, kuba, 'yabona, kungumbono, ubona loo ndawo wayekuyo. Ewe, ndiyayibona. Yinto ethile emalunga negazi layo. Iswekile. Ewe, sisifo seswekile. Unesifo seswile, yaye sinyuke saya kwenza inkathazo yentliziyu, ethe yona yenza intliziyu ephatshu-phantshu. Ibe naloo nto ixesha elithile. Kwaye ayiveli kwesi sixeko. Kodwa iyeyase-Indiana, ivela kwindawo ekufutshane nendawo ebizwa ngokuba yi-Borden. Wena...Ndibona i-Borden. Uvela e-Borden. Lowo ngu-ITSHO INKOSI. Yiyo leyo.

Kwaye kukho into engalunganga kubomi bakho.

²²¹ Nantsi enye into. Ndibona umfazi evela apha embonweni ngokuba ukwi. . . Yinkosikazi yakho, kwaye iswele ukuphiliswa. Ikhathazwa luhlobo oluthile lokukhohlela. Sisifuba, eso inaso.

222 Kwaye kukho into ethile engalunganga ebomini bakho, obuzama ukuyenza. Ngokholo, ungowenkonzo kaMoya, kuba, wena, ndikubona ukwinkonzo kaMoya apho bakhwaza khona beqhwaba izandla zabo. Yaye uzama ukulala phantsi... uyatshaya. Nantso into ozama ukuyiyeka, ukutshaya imidiza. Injalo ngokuchanekileyo loo nto. Lowo ngu-ITSHO INKOSI. Yinyaniso leyo. Asiyiyo? Ngokuqinisekileyo, yiyo. 'Yabona? Uyakholwa ukuba Ulapha ngoku, ekho? Ingaba ukulungele ukwamnkela impiliso yakho?

Masithobe iintloko zethu.

223 Nkosi Thixo, wena wavusa uYesu Kristu okhoyo ngoku, le ndoda, Nkosi, ilapha ukuze ifumane iintsikelelo zikaThixo ziphumle phezu kwayo, siyathandaza ukuba Uyinike iminqweno yentliziyo yayo, eGameni likaYesu Kristu. Amen.

224 Buyela ekhayeni lakho, ulifumane linjengoko ukholo kanye. Kuyakuba lolo hlobo. UThixo akusikelele.

225 Niyakholwa? [Ibandla lithi, "Amen."—Mhl.] UThixo Onamandla onke, Owabhala le Bhayibhile, oMoya waKhe ukhoyo, uyazi ukuba andizange ndiyibone le ndoda ebomini bam, ekwazini kwam, kwade kwanguwo kanye lo mzuzu. Kodwa, ndazi into enye, uMoya oyiNgcwele ulapha kanye. Andazi ukuba Uyakwenza ntoni na, kodwa ndiyazi ukuba Ulapha.

226 Ingaba leli nenekazi? Kulungile. Ingaba asazani omnye nomnye? Ke u—u—undibone ezinkonzweni, kodwa andikwazi wena. [Lo dade uthi, "Hayi. Hayi."—Mhl.] Injalo loo nto. Kulungile. Ngoko, ulapha ngenxa yenjongo ethile.

227 Ngoku, lo mfazi usenokuba lapha...Kungenzeka ukuba unguMkristu; usenokungabi nguye. Usenokuba ngumgxeki. Ukuba unguye, uze ukhangele nje okuya kwenzeka. 'Yabona? Yaye andazi ukuba umele ntoni na.

228 Umama wam uhleli apha esakhiweni ndaweni ithile, umfazi osele eluphele. Ucinga ukuba ndingazama ukukhathaza olo sizana lwento? Ucinga ukuba ndingeza kuye njengomlahlekisi? Ngokuqinisekileyo andingeke. Kungangcono ndisuke ndihambe ndimke eqongeni ndigoduke; sendiwshumayele uMyalezo. Kodwa asikoko kuphela okuhamba noMyalezo. UKristu isekwanguye izolo, namhlanje, nangonaphakade. Akukhathaliseki nokuba ihlabathi lithini na malunga naloo nto. Simelwe kukuyimela, nakanjani na. UThixo wathi mayenziwe.

229 Ndingakwazi; kwaye, kakade, uhleli enkonzweni, mhlawumbi apho kukho amakhulu ngamakhulu abantu, bekungekho ndlela yakuba ndikwazi. Kodwa nangu umfanekiso ngoku kaYohane oNgcwele 4, umfazi nendoda, behlangana okwetyeli lokuqala. INkosi yethu nomfazi

waseSamariya behlangana kwakhona. Ngoku bathetha. Wahlangana nomoya wakhe, wazi ukuba yayiyintoni na undonakele kuye, wamxelela, waze waYiqonda ukuba yayinguMesiya. Ingaba ungenza kwaloo nto? Ungayenza.

²³⁰ Ingaba isihlwele siyakwenza kwaloo nto inye, wonke umfazi olapho phandle? [Ibandla lithi, “Amen.”—Mhl.] Wanga uThixo anganipha oko. Ewe.

²³¹ Lo mfazi ukhathazwa yimo yobuphatshu-phantshu. Kudala enayo ixesha elide, kwiminyaka emininzi eyadlulayo. Ndimbona esengumfazi oselula. Kodwa asiyiloo nto undoqo afuna ukuba ndithandazele wona. Sisifo samalungu esimshwabanisileyo. Nantso into afuna ukuba ndithandazele yona.

Ngoku niyakholwa? [Ibandla lithi, “Amen.”—Mhl.]

²³² Masithethe naye ngokuthe chatha kancinane. Wanga uMoya oyiNgcwele angakupha oku. Lo mfazi u—ungowentetho yasemzini. Igama lakhe Hanson. Yinyaniso leyo. UngowaseNorway okanye eSweden, kwezo zinto zombini. Awuphumi kwesi sixeko. Uvela kwindawo ebizwa ngokuba yiCanton. Kwaye apho kukwilizwe elikhulu apho kukho ingqolowa eninzi. Yaye yiMinnesota. Nako apho uvela khona. Yinyaniso leyo. Ngoku buyela ekhaya; uphilisiwe. UYesu Kristu uyakuphilisa. Xelela abantu ukuba zinto zini ezilungileyo iNkosi ekwenzela zona.

²³³ Ndiyacinga ukuba asazani omnye nomnye. [Udade uthi, “Ewe. Bendisezinkonzweni, kodwa awundazi.”—Mhl.] Andikwazi. Hayi, nkosazana. Kodwa iNkosi iyakwazi. Uze apha ngenjongo ethile. Andazi. Kodwa ukuba uYesu uyakundityhilela ukuba uzele ntoni na, uyakwazi ukuba yinyaniso na leyo. Ukuba ndize apha ndathi, “Uyagula, mfazi.” Ngokuqinisekileyo, ume emgceni wokuthandazela, oko kubonisa . . . [Yindawo engenanto le ekhasethini.]

²³⁴ Ukuxilongwa kwakho kubonisa ukuba unento engundonakele esibindini. Uthe kukushwabana nokuqina kwesibindi. Injalo loo nto. Thetha nam nje okomzuzu. Nje . . . Uyakholwa ukuba iNkosi uYesu, owathetha nalaa mfazi equleni, usekwanguYesu namhlanje? [Lo dade uthi, “Ewe.”—Mhl.] Uyakholwa? Unawo, ubonakala unomoya olungileyo. Awungowalapha. Uvela ngasempuma, e-Ohio. Injalo loo nto. EDayton, e-Ohio, ukuza apha kwakho apha. [“Injalo loo nto.”] Injalo loo nto. Ndibona . . .

²³⁵ Uthandazela omnye umntu. Yinkwenkwe leyo. Inengxaki yentliziyo. Inezilonda emathunjini, kananjalo, uhlobo oluphatshu-phantshu lwenkwenkwe. Injalo loo nto. Yaye uthandazela umphefumlo wayo, ngokuba ayisindiswanga. Lowo ngu-ITSHO INKOSI. Yinyaniso leyo. Asiyiyo? [“Unyana wam.”] Uphilisiwe. Phindela emva. Yixelele, ukuba yomelele. UYesu Kristu . . .

236 Ndingakwazi, nkosazana, ndingakwazi. UThixo uyakwazi yena. Ukuba uThixo uyakundixelela ukuba yintoni ingxaki yakho, uyakukholwa ukuba ndisisicaka saKhe? Esingqinela ngokubonakalalisa nje Yena. 'Yabona, into endifuna ukuyenza kukufumana aba bantu, aba benyuka emgceci wokuthandazela, ukuba babone ukuba Ulapha.

237 Kukho into eyenzekileyo enkonzweni. Kukho abafazi ababini abemi phaya, bobabini, benendondo zamehlo. Kukho oMchukumisileyo, ngokubelana nezilwelwe zabo. Bendimbona nje loo mfazi, yintoni... Ukukhathazwa yindlebe kwakho, kumnkile ngoku. Khangela kwelo nenekazi, indlela elifana ngayo neli. Bebemi phaya. Ndibabona. Kodwa omnye ebesenjenje; wabe omnye lo kungekho nto anayo.

238 Isizathu sokuba kube njalo, lo mfazi umele umntu ongomnye. Injalo loo nto. Kwaye loo mfazi ungummelwane wakho. Yena ke unokuqaqamba kwamalungu. Kwaye umele yena. Ndaye ndikubona umthandazela, ngokuba yena akasindiswanga. Wena ke uthandazela yena. Yinto ekukhalipha leyo. Beka loo tshefu phezu kwakhe, le uyiphethe esandleni kuwe. Umxelele ukuba angathandabuzi, nokuba anikele ubomi bakhe kuKristu, ukuze isifo sakhe samalungu simyeke.

239 [Yindawo engenanto le ekhasethini—Mhl.]...lilela yona, dade? Uyakholwa kuThixo? Uyakholwa kum ukuba ndisisicaka saKhe? Uyakholwa ukuba uThixo angandixelela ukuba yintoni olilela yona, nokuba uyintoni na umnqweno wakho? Ukuba uyakholwa yiloo nto, phakamisa isandla sakho. Uyakholwa ukuba elo qhuma lithe phuhlu liyakukuyeka? Ukuba uyakholwa yiloo nto, liyakumnka. Yiba nokholo nje. Musa ukuthandabuza.

240 Kunjani? Ndiyaqikelela ukuba asazani sobabini. INkosi uYesu iyasazi sobabini. Ungumfazi oselula kakhulu. Kodwa awuzelanga siqu sakho apha. Ndibona isibhedlele sivela, ibhedi. Yaye ngumama wakho omthandazelayo, kwaye ugutyungelelwe ekufeni ukhathazwa sisinyi, amathumba ahlumayo. Kwaye unomhlaza, kananjalo, ithinzi elimnyama lomhlaza. Thabatha loo tshefu, ulilela phezu kwayo, uyibeke phezu kwakhe. Ubize eGameni leNkosi, uze ungathandabuzi. Ukuba akuyi kuthandabuza, uThixo uyakumkhupha apho amenze aphilile. Musa ukuthandabuza ngoku. Hamba eGameni leNkosi, ukholwe.

241 Ingaba niyaqonda ukuba uKristu uyaphila? [Ibandla lithi, "Amen."—Mhl.]

242 [UMzalwana uBranham uyanqumama—Mhl.] Kukho into kanye...Oo, laa mfazi uhleli phaya ngasemva, kwesa situlo. Ukhathazwa yintloko ebuhlungu. Kwaye ebethandaza eNkosini, ezama ukuhoya laa mntwana. Ikuvile, dade. Iphelile

yonke ngoku. Yima nje ngeenyawo zakho, udumise uThixo ngaloo nto, nkosazana. Dumisa nje uThixo ngaloo nto. 'Yabona?

²⁴³ Uchukumise ntoni? Akhange achukumise mna. Kodwa umchukumise uMbingeleli oMkhulu. Andimazi laa mfazi. Andizange ndambona, ebomini. Kodwa uThixo umphilise kanye ngoko. Ingaba loo nto imenza uYesu Kristu ibe nguye izolo, namhlanje, nangonaphakade? [Ibandla lithi, "Amen."—Mhl.] Ngokuqinisekileyo, imenza njalo. Ukuba nje unokukholwa! Zonke izinto zinokwenzeka kwabo bakholwayo.

²⁴⁴ Kuchukumisa isihlwele, kukho umntu othandazayo. 'Yabona, kuxhomekeka ekubeni amandla atsalwa kakhulu kweliphi na icala, apho ukhoyo uMoya. Ndilandela kuphela ndithethe njengoko Athethayo; andazi. Owu, ngulaa mfazi ufaka iindondo zakhe zamehlo, egqiba kulila. Isizathu sokuba abe ebelila, kungokuba uMoya uphezu kwakhe. NguYe lowo. Loo nkathazo isemathanjeni ubukade uhlutshwa yiyo; yiba nokholo, iyakumnka ingaphinde ibuye. Andimazi laa mfazi. Andizange ndambona. Akakhange andichukumise. Uchukumise uMbingeleli oMkhulu.

Ukuba nje unokukholwa!

²⁴⁵ Kuchathe omnye umfazi. Ndifuna nabani na ofunayo, akhangele apha. Khangela kulaa mfazi ulilayo; khangela komnye umfazi ohleli nje ngokuqhelekileyo; khangela komnye umfazi osecaleni kwakhe, elila. Ebenengxaki yentliziyo, elo nenekazi lincinane lihleli kanye phaya, likhangele kum nge...Ewe. Injalo loo nto. Ubunenkathazo yentliziyo. Ubungenayo? Imnkile kuwe. Ukholo lwakho luqhwithwe kuThixo, kwaye uchukumise Yena.

Owu, kuyamangalisa oku!

[UMzalwana uBranham uyanqumama okwemizuzwana engamashumi amabini anesihlanu—Mhl.]

²⁴⁶ Uyalibona elaa nenekazi lihleli kanye phaya lithobe intloko yalo, lithandaza? Umfazi onentloko engwevu, endingazaniyo naye, ohleli phaya. Ewe. Uye wajika, wakhangele kuye. Unenkathazo yesinyi. Ubethandaza kuThixo ukuba ayisuse kuye. Kwaye ubuthandaza ngoko, "Nkosi, makandibize." Injalo loo nto. Ukuba injalo loo nto, phakamisa isandla sakho. Ndiwazi njani umthandazo wakho? Imnkile kuwe. Ukholo lwakho lukuphilisile. Goduka uphile.

²⁴⁷ Niyakholwa? Ukuba unokukholwa, zonke izinto zinokwenzeka. Kodwa umelwe kukuthi ukholwe.

²⁴⁸ Kusahamba kulaa ngingqi, yabaya bahleli *phaya*. Kanye *apha*, owesibini ukusuka ekugqibeleni, liqondo eliphezulu legazi. Ukuba uyakholwa ngentliziyo yakho yonke, dade, liphelile. Uyakholwa kuThixo, uMthabathe eLizwini laKhe?

Kulungile. Phakamisa isandla sakho. Nantso into obuthandazela yona, “Nkosi, makalandelise ngam ukubiza, ngeli qondo liphezulu lobushushu begazi.” Andazani nawe. Ukuba kunjalo, shukumisa isandla sakho. Kulungile. Limnkile kuwe. Goduka uphile.

²⁴⁹ Niyabona ukuba yintoni na? Lukholo. Kwaye ukuba unokukholwa nje! Niyakholwa? [Ibandla lithi, “Amen.”—Mhl.] 'Yabona, aba bantu baphaya, bangena makhadi omthandazo okanye nantoni na. Senikulungele ukukholwa? Ingaba yiloo ndlela iNkosi uYesu eyenza ngayo ngethuba Yayilapha emhlabeni?

²⁵⁰ Apha, yile—yiyo le, indoda izayo? Kulungile. Anazi ukuba yenza ntoni na loo nto, kuni nonke. KuMnquba kaBranham, ngoku jonga nje apha phezu kwesandla. 'Yabona? Niyazi ukuba andibi lolo hlobo. Yintoni na? NguMoya weNkosi. Yintambiso.

²⁵¹ Abantu abaninzi abaqondi ukuba ithetha ntoni na intambiso. Bacinga ukuba ithetha ukukhwaza. Luvuyo olo. Amandla aza ngokundilekileyo. 'Yabona? Nalo uvuyo lweNkosi. La ngaMandla eNkosi; umphilise, umenze aphile. Khangela into Awayenzayo kwintombazana encinane eyayihleli ngobunye ubusuku, isisiqhwala; kwindoda eyimfama; nakwabanye, kuyo yonke indawo naphi na.

²⁵² Kunjani, mhlekazi? Ndiyaqonda ukuba asazani omnye nomnye. Asazani. Andikwazi ube nawe ungandazi. Ukuba kunjalo, phakamisa isandla sakho. Kulungile, kukuhlangana kwethu kokuqala oku. Ngentlonipho ngoku. Uyindoda, kwaye yena nam. . . Uselula kakhulu kunam, siziphakamisile izandla zethu, omnye ebhekise kwesomnye, phambi koThixo, ukuba oku koko kuqala sihlngana. UYesu uyayazi le ndoda. Kwaye kumele ukuba kukho into ethile engalunganga; imi phaya. Andazi.

²⁵³ Kodwa ukuba ndithethe inyaniso, athe uThixo wayingqinela ngamangqina amaninzi, okuba ndithethe inyaniso, ukuba, “ngemivumbo yaKhe naphiliswa.” Yinto ekwixesha eladlulayo. Umelwe ukuba ufumana olo kholo lungqwabalala, ukuze uqabele kwezi zinto.

²⁵⁴ Khangela loo mhlaza unyamalala apha ngokuhlwanje! Ngoku khangela nje ubungqina obuza kuphuma kuloo nto, ezo zithunzi zimnyama zokufa. Ugqirha wakho othandekayo angazama, konke anako, ukusindisa ubomi bakho. Kodwa xa uThixo ethetha nantoni na, injalo. Kwaye ibingendim. Andinanto yakwenza naloo nto.

²⁵⁵ Ngoku bamalunga namakhulu amabini apha abazokuthandazelwa. Ndifuna ukuphumla nje umzuzu ngoku. Ukuba siqale nje sithandazele abantu, sibenyuse; singabezisi ngamgca, koko sime apha sibathandazele. Ndifuna ukuthandazela wonke umntu ofuna ukuthandazelwa.

256 Kodwa phaya esihlweni, nakwabo baseqongeni, ndifuna ukuba niqaphele ukuba uYesu Kristu ulapha. Ingaba nonke niyayiqaphela loo nto? [Ibandla lithi, “Amen.”—Mhl.] Wonke umntu uyayiqaphela loo nto. [Ibandla lithi, “Amen.”—Mhl.]

257 Ngoku, ukuze kube nokuhlala ngokungapheliyo engqondweni yenu. Le ndoda kunye nam, naku izandla zethu siziphakamisele phezulu kuThixo, ikoko kuqala sihlangana. Ukuba uthe Wathetha imfihlelo yentliziyo yayo, kanye njengokuba Wenzayo kulaa mfazi equleni, okanye kuFiliphu, okanye konke ukuhla naphi na kulungiselelo lwaKhe, ukuba Uyakuyenza loo nto, ingaba iyakuqinisekisa kuni nonke, ukuba ngokupheleleyo nguYe, iNkosi uYesu? [Ibandla lithi, “Amen.”—Mhl.]

258 Ingaba iyakwenza loo nto kuwe, mhlekazi? [Lo mzalwana uthi, “Ewe, mhlekazi.”—Mhl.] Andinandlela, andinafifi lakuba yintoni na ingxaki yakho. Andazi nokuba ungumoni na okanye unguMkristu. Andinakukuxelela. Yena uyazi; uThixo uyazi. Kodwa andinakukuxelela. Kodwa ukuba Undixelele. . . Kodwa unguMkristu. [“Ewe.”] Ngokuba, kuthe nje ukuba umoya wakho uyichathe intambiso yaloo Moya uphezu kwam waYamnkela, ngoko ndiyazi ukuba unguMkristu.

259 Kwaye uphantsi kwethunzi elinzulu. Yinto engundonakele ngegazi. Uyile ke koogqirha. Bona ke bafuna ukwenza uqhaqho, yaye olo qhaqho lu, ndiyabeva, oogqirha ababini bethethana, kwaye bafuna ukususa ilungu lisuke emzimbeni wakho, elibizwa ngokuba ngudakada. Injalo loo nto. [Umzalwana uthi, “Ewe.”—Mhl.]

260 Yaye awuveli kwesi sixeko, koko uvela kwisixeko esikhulu apho kukho iziko lohlobo oluthile lwenkolo. KuseWheaton. Igama lakho nguCarl Rhodes, into efana noCarl Rhodes. Kulungile, mhlekazi. Ukuba uyakholwa ngentliziyo yakho yonke, ungabuyela ekhayeni lakho, uThixo ke uyabusindisa ubomi bakho. Uyakholwa yiloo nto? [Umzalwana uthi, “Ndiyakholwa.”—Mhl.]

Masithandaze.

261 Nkosi Yesu, ngoku ndilahlela kude obu bubi busuke kumzalwana wethu. Yaye eGameni likaKristu, wanga angaphilela uzuko lukaThixo. Amen.

UThixo akusikelele, mzalwana. Hamba indlela yakho, uvuya!


262 Bangaphi abakholwayo ngoku ngentliziyo yabo yonke? [Ibandla lithi, “Amen.”—Mhl.]

Ngoku, ingaba baphelele apha abaza kuthandazelwa? Kulungile.

²⁶³ Ke, inkathazo yomqolo wakho ikushiyile ngela thuba ubuhleli phaya, ngoko unгахamba indlela yakho, uvuya ukuba ufuna ukwenza njalo. Hamba nje ke, uthi, “Ndibulela iNkosi elungileyo!”

²⁶⁴ Hamba uye kudla isidlo sakho sangokuhlwa. Inkathazo yakho yesisu ikushiyile, ngena emgceni, ukuze ukwazi ukuhamba, kananjalo. Kholwa nje ngentliziyo yakho yonke.

²⁶⁵ Inkathazo yakho yamalungu aqinileyo ayisayi kukuhlupha, ukuba uyakukholwa yiloo nto. Hamba nje ubheke phambili, uvuya udumisa uThixo, ukuba ubunako, mzalwana. Kulungile. Kulungile.

²⁶⁶ Niyakholwa ngentliziyo yenu yonke? [Ibandla lithi, “Amen.”—Mhl.] Bangaphi abakholwayo kuThixo? [“Amen.”] Ngoku ndizakubhekela apha nje okomzuzu nje. 

AMADODA ABIZWE NGUTHIXO XHO58-1005E

(God-Called Man)

Lo Myalezo kaMzalwana uWilliam Marrion Branham owawushunyayelwe ekuqaleni ngesiNgesi ngeCawe ngokuhlwa umhla we-5 kuOktoha, ngowe-1958, kuMnquba kaBranham, eJeffersonville, eIndiana, eMelika, wathatyathwa kwisishicileli-mazwi washicilelwa ungafinyezwanga ngesiNgesi. Le nguqulelo yesiXhosa ipapashwe ngowe-2002 ngabe:

©2002 VGR, ALL RIGHTS RESERVED

VOICE OF GOD RECORDINGS

P.O. Box 950, JEFFERSONVILLE, INDIANA 47131 U.S.A.

Ilungelo lombhali elilelakhe lokushicilela

Onke amalungelo agciniwe. Le ncwadi ingaprintwa kwiprinta yasendlini ukwenzela ukuba isentyenziswe okanye kunikezwe ngayo, ngaphandle kwentlawulo, njengesixhobo sokukhawulezisa iVangelli kaYesu Kristu. Le ncwadi ayinakuthengiswa, yenziwe kwakhona ngesixa esikhulu, ifakwe kwi website, igcinwe kwindawo apho inokukhutshwa khona, itolikelwe kwezinye iilwimi, okanye isetyenziselwe ukurhwebesha imali ngaphandle kwemvume echaziweyo ngombalo ephuma eVoice Of God Recordings®.

Ngeechukacha ezithe vetshe okanye malunga nezinye izinto eziphathekayo, nceda qhagamshela:

VOICE OF GOD RECORDINGS
P.O. Box 950, JEFFERSONVILLE, INDIANA 47131 U.S.A.
www.branham.org